# ULWIMI INQANABA LE-4

# IZIQULATHO

**INTSHAYELELO**

**1 UBUDE BEXESHA NEXESHA LOKUFUNDA**

**2 IZIPHUMO ZENQANABA LESIFUNDO: IZIFUNDO EZIYINTSIKA –ULWIMI**

2.1 UkuMamela nokuThetha

2.2 UkuFunda nokuLolonga

2.3 UkuBhala nokwenza iNkcaza

2.4 Ukusetyenziswa koLwimi

**3 IIMFUNO ZOHLOLO**

3.1 Uhlolo lwangaphakathi

3.2 Uhlolo lwangaphandle

**4 INQAKU ELILINGANISIWEYO LEZIHLOKO/IZIHLOKO/IZIPHUMO EZIZODWA**

**5 INQAKU LOKUGQIBELA**

**6 IMIGAQO EYIMFUNEKO UKUZE UPHUMELELE (ETHATYATHWE KUXWEBHU LOMGAQO-NKQUBO)**

**7 IZIHLOKO NEZIPHUMO**

7.1 UkuMamela nokuThetha

7.2 UkuFunda nokuLolonga

7.3 UkuBhala nokwenza iNkcaza

7.4 Ukusetyenziswa koLwimi

**8 IIMFUNO ZEMITHOMBO KUMSEBENZI WOKUFUNDISA ULWIMI – INQANABA LE-4**

8.1 Abasebenzi

8.2 Izibonelelo zokunceda

8.3 Izixhobo

8.4 Izixhobo ezisetyenziswayo

8.5 Izixhobo zokuFunda nokuFundisa

# INTSHAYELELO

- **Yintoni ubuNzululwazi kuLwimi?**

Bubunzululwazi bokwabelana nokufumana izimvo, ulwazi oluyinyaniso, iimvakalelo, nengqiqo ngempumelelo ngkusebenzisa amajelo eendaba ohlukeneyo. Esi sifundo siza kuphuhlisa ezi zakhono ngenjongo yokunxibelelana ngokufanelekileyo kwimeko yentlalo yabantu ngokunjalo nakwimeko-bume yomsebenzi. Kuza kujonganwa nezi ndlela zilandelayo zokufunda nolwimi: ukuMamela nokuThetha; ukuBhala nokwenza iNkcaza; ukuFunda nokuBukela, kunye nokusebenzisa ulwimi njengesixhobo sokunxibelelana nokufunda.

- **Kutheni isifundo sibalulekile njengesifundo esiyiNtsika?**
  - Simisela isiseko sokufunda yaye sisakhono sobomi.
  - Siliqonga lezakhono zolwimi nobugcisa bolwimi obuza kuzuzwa.
  - Siphucula ubuchule bokufunda nokubhala nokuqonda, ubuchule obuthethwayo nobungathethwa.
  - Sinegalelo kwindlela egxilileyo yokufunda nokuphuhlisa ulwazi lobuqu.
  - Siphuhlisa izakhono zokucinga ngokugwebayo yaye sibeka isiseko sezakhono zokuqonda okukwinqanaba eliphezulu eziza kuphuhliswa.
  - Sixhobisa abafundi ngezakhono zokunxibelelana ngokuzithemba nangobuchule kwiimeko zentlalo nakwiindawo zokusebenzela.
  - Sinegalelo lokwenza nokulondoloza intsebenziswano efanelekileyo neyamkelekileyo.

- **Unxulumano phakathi kweziphumo zesifundo kuLwimi neziphumo ezigwebayo neziphuhlisayo**
  - Ukuchonga nokusombulula iingxaki ngokusebenzisa umxholo wokuguqula ulwazi olufihlakeleyo nokufumana intsingiselo, uwedwa nakumaqela kwimisetyenzana ethethwayo, efundwayo, nebhaliweyo.
  - Ukusebenzisana ngobuchule nabanye nakumaqela ngokusebenzisa intetho yentsebenziswano kwimisetyenzana, kwiingxoxo nakwiiprojekthi zophando.
  - Ukuqulunqa nokulawula imisetyenzana yakho neyabanye ngokufanelekileyo nangobuchule ngokusebenzisa ulwimi.
  - Ukuqokelela, ukuphicotha, ukuqulunqa, nokuphonononga ngokugwebayo ulwazi: oluyintsika kwinkqubo yokuphuhliswa kobuchule bolwimi kuyo yonke imisebenzi yolwimi nakwezinye iinkalo zezifundo.
  - Ukunxibelelana ngobuchule kusetyenziswa izakhono zolwimi ezibonwayo, ngolwazi lokubala kunye/okanye kunxibelelwano olumiselekileyo nolungamiselekanga.
  - Ukusebenzisa ubunzululwazi nobuchwepheshe ngokugwebayo ngenjongo yokufumana nokunika inkcaza ngezicatshulwa.
  - Ukuqonda ihlabathi njengengqokelela yezinto ezinxulumanayo zenkqubo ethile, kusetyenziswa ulwimi ukukhangela nokuchaza unxibelelwano, kunye nokukhangela iintlobo zemixholo nezicatshulwa kwihlabathi liphela.
  - Ukwenza igalelo kuphuhliso oluzeleyo lobuqu ngokuzinxulumanisa nezicatshulwa ezikhuthaza ukufumana ulwazi neziphuhlisa izakhono zobomi nenkqubo yokufunda.

- **Iimpawu ezinegalelo ekuphunyezweni kwesifundo solwimi esiyintsika**
  - Kubalulekile ukuba kumiselwe amagumbi asetyenziselwa ukwenza uphando lobunzululwazi ngoLwimi neKhompyutha namaziko akhuthaza unxibelelwano.
  - Iintlobo ezohlukeneyo zamajelo eendaba aza kusetyenziselwa ukuncedisa inkqubo yokufunda.
  - Indlela yokunxibelelana eyamkelelwe ukuncedisa inkqubo yokufunda ulwimi nemigaqo-ntetho/igrama.
  - Izixhobo ezohlukeneyo zokuhlola eziza kusetyenziswa, ngaphandle kweemviwo ezibhaliweyo.
  - Ukusetyenziswa emxholweni kolwazi oluluhlobo oluthile, izakhono, iinqobo ezixabisekileyo, nezimo nabaququzeleli ngenjongo yokukhokelela inkqubo yokufunda kwinkalo ethile yomseenzi.

## 1 UBUDE BEXESHA NEXESHA LOKUFUNDA

Le yinkqubo yokufundiswa ethatha isithuba sonyaka omnye nebandakanya iiyure ezingama-200 zokufunda nokufundisa. Isifundo *kunokwenzeka/kusenokungenzeki ukuba* sifundiswe ngamaxesha athile ukuba zonke iinkcukacha eziyimfuneko zohlolo ezichazwe ngezantsi apha ziyathotyelwa.

Kuyimfuneko ukuba abafundi abaneemfuno ezizodwa zokufundiswa (LSEN) babonelelwe ngendlela eya kuthintela imiqobo yokufunda.

## 2 IZIPHUMO ZENQANABA LESIFUNDO: IZIFUNDO EZIYINTSIKA –ULWIMI

Qaphela: Ngenjongo yolu xwebhu igama elithi "Uhlobo" libhekiselele kwiinkcukacha zomsebenzi oza kwenziwa kweso siPhumo sesiFundo.

### 2.1 UkuMamela nokuThetha

Mamela ze uthethe kwiindawo zokusebenzela ngeenjongo ezohlukeneyo nakwiimeko ezohlukeneyo.

- Imigaqo yokuHlola:
  - Ubuchule bokumamela nokuthetha busetyenziselwa iinjongo ezohlukeneyo kwimeko yendawo yokusebenzela.
    *Uluhlu: Ngeenjongo kubhekiselelwe ekwandlalweni kweengxoxo, unxibelelwano phakathi kwabantu, oluyelele kwizinto zomsebenzi nezamaqela, ukuthetha esidlangalaleni, ubuchule namacebo okuthetha ngokubanga inyaniso nobuchule bokwenza inkcaza.*
  - Iintlobo ezohlukeneyo zokunxibelelana ngomlomo ziyachongwa yaye zisetyenziswe ngokufanelekileyo kwiimeko zomsebenzi.
  - Kwenziwa uphando, kucwangciswe, ze kuchazwe iindlela zokunika inkcaza,kwiimeko zomsebenzi.
  - Kuhlolwa ukwenziwa kwenkcaza ngomlomo kwiimeko zomsebenzi kusetyenziswa ubuchule obufanelekileyo bokuthetha nokumamela.
  - Kusetyenziswa ulwimi kwiimeko ezohlukeneyo zokuthetha ngomlomo.

### 2.2 UkuFunda nokuLolonga

Funda ze uhlole iintlobo ezohlukeneyo ezithethwayo nezingathethwa zonxibelelwano ukuze ufumane intsingiselo ze wenze neempendulo ezifanelekileyo kumyalezo omiselweyo.

- Imigaqo yokuHlola:
  - Kusetyenziswa iintlobo ezohlukeneyo zokufunda nokubukela ukuze kuqondwe, kuguqulelwe ze kufunyanwe ulwazi.
  - Izicatshulwa ezibhaliweyo nezibonwayo zichazwa ngokuphathelene nentsingiselo nenedlela yokusetyenziswa kwindawo yokusebenza.
  - Kuchongwa isakheko neempawu zesicatshulwa ze zichazwe ukuze kuboniswe indlela ezikhokela ngayo intsingiselo.
    *Uhlobo: Izicatshulwa ziquka izicatshulwa ezifundiweyo nezingafundwanga, iincwadi ezifundiweyo/isalathiso, izicatshulwa ezibonwayo nezifunyanwa kumajelo osasazo.*
    *Uluvo: Izicatshulwa ezifundiweyo kuyimfuneko ukuba zakhiwe ngomyinge wama-20% wenani lezicatshulwa ezifundiweyo neziphononongiweyo.*
  - Izimbo zokubhala ziyachongwa ze zichazwe ngenjongo yokubonisa indlela ezi zimbo eziphumeza iimpembelelo ezithile.
  - Iintlobo ezohlukeneyo zonxibelelwano olungathethwayo ziyaphandwa ze zichazwe ngenjongo yokufumana intsingiselo, iinqobo ezixabisekileyo, neemvakalelo.
    *Uluhlu: Iintlobo zonxibelelwano olungathethwayo ziquka ukuthetha ngamalungu omzimba, imbonakalo yobuso, izijekulo, iimpawu nemiqondiso, imibala, imifanekiso nemizobo, inkcazo ezotyiweyo*

### 2.3 UkuBhala nokwenza iNkcaza

Bhala ze wenze inkcaza yohlobo oluthile ngeenjongo ezithile nakwiimeko ezithile usebenzisa izimbo zolwimi neemeko ezilungele umxholo wendawo yokusebenzela.

- Imigaqo yokuHlola:
  - Imisebenzi yokubhala icwangciselwa iinjongo ezithile, abaphula-phuli abathile neemeko ezithile.
  - *Uluhlu: Ngemisebenzi yokubhala kubhekiselelwe kwiingxelo ezimfutshane, amaxwebhu namaphepha emibuzo, iziphakamiso neminye imisebenzi ebhalwayo ecengayo neembalelwano zemisebenzi.*
  - Iindlela nobuchule bokubhala buyasetyenziswa kwimisebenzi ebhaliweyo eluyilo lokuqala.
  - Izakhi zolwimi neengxoxo zisetyenziselwa ukwenza nokubhala izicatshulwa ezinengqiqo, nezinesimbo sokubhala nemigaqo yolwimi esetyenziswe ngokuchanekileyo.
  - Ingxelo ethatyathwe kwabanye isetyenziselwa ukukhangela nokukwamkela isicatshulwa esibhaliweyo.
  - Umsebenzi ozibhalele ngokwakho uyakhangelwa yaye uyaphicothwa ngenjongo yokuba kuveliswe isicatshulwa sokugqibela nesiza kunikezelwa njengenkcaza kwabo baphula-phuleyo.
  - Isicatshulwa sokugqibela siyachazwa kusetyenziswa iindlela zokuthetha nobume besicatshulwa eziyimfuneko kulo meko

### 2.4 Ukusetyenziswa koLwimi

Izakhi zolwimi neendlela zokuthetha mazisetyenziswe ngenjongo yokukhokela indlela yokufunda nangenjongo yokunxibelelana ngokufanelekileyo kwimixholo yeendawo zokusebenza.

- Imigaqo yokuHlola:
  - Imithombo yonxibelelwano iyafunyanwa ze isetyenziselwe ukubonakalisa indlela yokufunda kwimixholo eyohlukileyo.
  - *Uluhlu: Imithombo yokufunda iquka imithombo ethethwayo, engathethwayo, yamazwi nemithombo ebhaliweyo/eshicilelweyo.*
  - Inkqubo yonxibelelwano isetyenziselwa ukuophuhlisa nokumisela izakhono zokunxibelelana kwimixholo yeendawo zokusebenza.
  - Izakhi zolwimi neengxoxo ziyachongwa yaye zisetyenziselwa ukufunda nokunxibelelana ngobuchule.
  - *Uluhlu: Ngezakhi zolwimi neengxoxo kubhekiselelwe kwimithetho elawula ukwakhiwa kwezivakalisi nemigaqo yokuthetha, ubizo-mazwi, intsingiselo nesimbo sokuthetha.*
  - Ulwazi lolwimi nezakhi zolwimi luyasetyenziswa yaye lusetyenziselwa ukuvelisa iintlobo zezicatshulwa ezithethwayo nezibhaliweyo

## 3 IIMFUNO ZOHLOLO

### 3.1 Uhlolo lwangaphakathi (25 pesenti)

**Iimfuno zoHlolo lwaNgaphakathi**

Yonke imisebenzi yohlolongaphakathi kuyimfuneko ukuba kwenziwe isigqibo ngayo ngumhloli ubuncinane oneziqinisekiso ezimbini zobuchule zokuhlola.

**Iimpawu**

3.1.1 <u>Uphawu lomsebenzi oBhalwayo (75 pesenti)</u>

Kuza kwenziwa uvavanyo olubhalwayo ngo-Juni, olubandakanya amaphepha amabini. IPhepha lokuQala libandakanya ukuhlola ubuchule bokuMamela nokuThetha, ukuFunda nokuBukela noLwimi nemigaqo yokuThetha. IPhepha leSibini libandakanya ukuhlola ubuchule bokuBhala nokunika iNkcaza. Kuyimfuneko ukuba kubhalwe amaphepha amathathu ovavanyo lomsebenzi obhalwayo nolumiselekileyo kwisiqingatha ngasinye sexesha lokufunda.

3.1.2 <u>Uphawu lomsebenzi oweNziwayo (25 pesenti)</u>

Yonke imisebenzi eyenziwayo kuyimfuneko ukuba ibonakaliswe kwiNgxowa yeNcwadi yobuNgqina (PoE). Kuyimfuneko ukuba umsebenzi wokuhlola wenziwe rhoqo. Yonke imisetyenzana ebhalwayo, iiprojekthi nemisebenzi emiselweyo yazo zonke iinkalo ekhoyo kwizifundo eziqingqiweyo (imisetyenzana yokumamela nokuthetha; imisetyenzana yokufunda nokubhala izicatshulwa; imisetyenzana yokubhala, nemisetyenzana yokwakhiwa kolwimi nemigaqo yokuthetha) inokuthatyathwa njengomsebenzi "owenziwayo".

- **Eminye imizekelo yohlolo olwenziwayo iquka, kodwa ayimiselwanga kule:**

A. Unikezelo-nkcaza (izifundo, imiboniso, iingxoxo zamaqela nemisetyenzana, imisetyenzana eyenziwayo, ukugqala, ukudlala indima, ukuzisebenzela ngokwakho, ukugweba nokuphonononga)
B. Ukusetyenziswa kwezincedisi
C. Imiboniso
D. Utyelelo
E. Ukwenza inkcaza ngesithethi sembeko
F. Uphando
G. Imeko-bume ecwangcisiweyo

- **Inkcaza 'ngemeko-bume ecwangcisiweyo'**

Imeko-bume ecwangcisiweyo ngeenjongo zohlolo ibhekiselele kweyona okanye kwindawo yokusebenza eyenziwa indawo yokusebenza, okanye ilebhu yeekhompyutha okanye yolwimi.

Ubungqina balo msebenzi wenziwayo kuyimfuneko ukuba bubonakaliswe kwiNcwadi ekuBhalwa kuyo imisebenzi eyenziweyo kuchazwa ngokucacileyo ubuchule obuza kuhlolwa. Olu lwazi lulandelayo kuyimfuneko ukuba lubandakanywe kwincwadi ekubhalwa kuyo imisebenzi eyenziweyo:
  - Iqondo lobuchule kwimisebenzi eyenziweyo negqalwe kwindawo eyenziwa eyonxibelelwano kunye/okanye kwigumbi lekhompyutha.
  - Iqondo lobuchule kubuchule bolwimi nokufunda obufunyenwe kwilebhu yolwimi.

Ukuze iNcwadi ekubhalwa kuyo imisebenzi eyenziweyo ithatyathwe njengobungqina obusemthethweni kuyimfuneko ukuba ityikitywe ngumhloli omiswe ngokusemthethweni.

- **Amava omsebenzi owenziwayo**

Kunyanzelekile ukuba abafundi kweli nqanaba bachithe ubuncinane iiyure ezingama-65 kwimek-bume eyenziwa njengeyomsebenzi nakumagumbi eekhompyutha ukuze bajongane neemeko zobomi bafumane namava xa besebenzisa ulwimi njengesixhobo sokunxibelelana.

- **Ubungqina kuhlolo lwemisebenzi eyenziwayo**

Bonke ubungqina obuphathelele kuphononongo lomsebenzi owenziwayo kuyimfuneko ukuba bubonakaliswe kwiNgxowa yeNcwadi yobuNgqina yomfundi. Izixhobo ezenziweyo nezisetyenziselwa iinjongo zokwenza uhlolo olulolu hlobo kuyimfuneko ukuba zibe nobungqina obuqulethwe kwiNgxowa yeNcwadi yobuNgqina.

3.1.3 <u>Ukucokisa amanqaku ohlolo lwaNgaphakathi lonyaka</u>

Kuyimfuneko ukuba kubalwe amanqaku onyaka kwinqaku elingu-100 ngokuthi kudityaniswe amanqaku emisebenzi ebhalwayo *(umyinge wama-75 % obonakaliswe ngasentla*) nemisebenzi eyenziwayo *(umyinge wama-25 % obonakaliswe ngasentla)* kuhlolo oluqhubekayo lwangaphakathi.

3.1.4 <u>Ukumodareyithwa kwamanqaku ovavanyo lwangaphakathi</u>

Uvavanyo lwangaphakathi lulawulwa ziinkqubo zokumodareyitha zangaphakathi nezangaphandle njengoko kucacisiwe kuMgaqo-nkqubo weeViwo kaZwelonke weeProgram zeeKholeji zeMfundo noQeqesho oluQhubelekayo.

## 3.2 Uhlolo lwangaphandle (75 pesenti)

Qho ngonyaka kubhalwa iiMviwo zeSizwe ngoOktobha okanye ngoNovemba ngokuthi kusetyenziswe iphepha okanye amaphepha nathi aye kumodareyithwa ngaphandle.

Iinkcukacha zohlolo lwangaphandle zichaziwe kwi*Sikhokelo soHlolo: IsiXhosa uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo* (Inqanaba 4).

## 4 INQAKU ELILINGANISIWEYO LEZIHLOKO/IZIHLOKO/IZIPHUMO EZIZODWA

| IZIHLOKO/IZIHLOKO | INQAKU ELILINGANISIWEYO |
|---|---|
| 1. UkuMamela nokuThetha | 20% |
| 2. UkuFunda nokuLolonga | 35% |
| 3. UkuBhala nokwenza iNkcaza | 35% |
| 4. Ukusetyenziswa koLwimi | 10% |
| **ZIZONKE** | **100** |

## 5 INQAKU LOKUGQIBELA

| | |
|---|---|
| UHlolo oluQhubekayo: | Inqaku lomfundi/100 x 25/1 = inqaku elingaphantsi ko-25 (a) |
| Inqaku loVavanyo oluBhaliweyo: | Inqaku lomfundi/100 x 75/1= inqaku elingaphantsi ko-75 (b) |
| **Inqaku lokuGqibela:** | **(a) + (b) = inqaku elingaphantsi ko-100** |

Onke amanqaku ayacokiswa ngendlela emisiweyo yaye abhalwe ngokuchanekileyo ukuze agcinwe njengobungqina obukwikopi ebonakalayo kulungiselelwa, phakathi kwezinye, iinjongo zokonganyelwa nokuqinisekiswa kweziphumo.

## 6 IMIGAQO EYIMFUNEKO UKUZE UPHUMELELE (ETHATYATHWE KUXWEBHU LOMGAQO-NKQUBO)

Kuyimfuneko ukuba ufumane ubuncinane umyinge wama-40%-49% kulwimi oluyimfuneko nolusemthethweni njengoko kuchaziweyo.

## 7 IZIHLOKO NEZIPHUMO

Kusakugqitywa uLwimi iNqanaba le-4 kuyimfuneko ukuba umfundi abe wenze ezi Zihloko zilandelayo:

| | |
|---|---|
| Isihloko soku-1: | UkuMamela nokuThetha |
| Isihloko se-2: | UkuFunda nokuLolonga |
| Isihloko se-3: | UkuBhala nokwenza iNkcaza |
| Isihloko se-4: | Ukusetyenziswa koLwimi |

### 7.1 Isihloko 1: UkuMamela nokuThetha

**7.1.1 IsiPhumo sesiFundo 1:** Uhlalutya aze alungise imiyalezo neempendulo zakhe kwiitekisi ezithethwayo ukuze kugcinwe incoko.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukwenziwa kwemiyalezo neempendulo ukuze kutshintshiselwane ngolwazi, iingcinga nezimvo kusetyenziswa ubuchule bokuthetha ukulungiselela iinjongo zomntu, zentlalo nezomsebenzi.

  *Uluhlu: Limeko zomntu, zentlalo nezomsebenzi zibandakanya iindlela zokwenza ukuba avumelane nento oyithethayo, ukuphuhlisa ingxoxo, ukuvakalisa izimvo zakho, ukuqinisekisa ngento oyithethayo,izakhono zokwazisa nokuthengisa, unxibelelwano neqela, uthethathethwano, ukusombulula iingxaki, izakhono zodliwanondlebe nokukwazi ukugcina ingxoxo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuxoxa nokuvakalisa izimvo zabo.
- Ukugcina ingxoxo iyefanelekileyo kwiimeko zokusebenza ezohlukeneyo ngokubolekisana ngokuthetha nokuvala izikhewu.
- Ukusebenzisa iindlela ezohlukeneyo zokuthetha nokwazisa ngenjongo yokumisela iqondo lemeko emiselekileyo.
- Ukunika izikhokelo nemiyalelo entsonkothileyo ngokuchanekileyo.
- Ukwenza inkcaza nokumela iingxoxo.
- Ukuvakalisa iimbono nezimvo ngendlela ebanga inyaniso.
- Ukubamba iintlobo ezohlukeneyo zodliwano-ndlebe ngeenjongo ezohlukeneyo nokuvumela ukuba kwenziwe udliwano-ndlebe nawe.

- Ukubonakalisa izakhono zokuthetha esidlangalaleni.
- Ukusebenzisa izakhono zokuxoxa ukuze kufikelelwe kwimvumelwano.
- Ukuthatha inxaxheba kwiqela leengxoxo, kwiingxoxo, kumaqumrhu nakwiintlanganiso ezimiselekileyo kulandela imigaqo efanekileyo.
- Ukukwazi ukwenza ukuba umntu ahambisane noluvo lwakho ukulungiselela iinjongo zokukwazi ukuthengisa into

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukuhlola nokulungiselelela indlela yokuthetha, ithoni, isimbo ukulungiselela imeko nenjongo kunye nokuphepha ulwimi olurhabaxa nolungenzi ntsingiselo ivakalayo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Bacacise ukuba isimbo sesithethi (iqondo lokuba sesikweni, ilizwi lokubalisa), ithoni, ilizwi, indlela yokuthetha kunye nemiyalezo engathethwa ngomlomo zinayiphi indima eukuqondeni kwalowo uphulaphuleyo.
- Bacacise ukuba abamameli banaliphi ifuthe ekwakhiweni kwemiyalezo neempendulo.
- Basebenzise isimbo esifanelekileyo, ithoni nesigama ekwakheni imiyalezo neempendulo ukulungiselela iinjongo zomntu, zentlalo nezomsebenzi.

  *Uluhlu: Imiyalezo engathethwayo iquka ukuthetha ngomzimba, imbonakalo yobuso, izijekulo, imiqondiso, ucinezelo nobuchule bokuthetha intetho engafuni mpendulo efana nokutshintshela kulwimi lwabantu abathile, ukubonisa nokuphinda-phinda indlela yokubiza amagama, ukucinezela, isandi, ukuphakama kwelizwi, ukugxininisa, isantya, ukunqumama nokuthetha ngezandla.*

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubonisa ukuhlonipha iinkcubeko neemeko zabantu ngokuchonga nokubona iintetho, iingcingane, izinto eziyinyani nezimvo xa oko kuyimfuneko ukuze kucaciswe intsingiselo, kususwe umkhethe yaye kugcinwe ingxoxo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuhlola iingxoxo nengcingane nokwahlula phakathi kolwazi oluyinyaniso noluvo
- Ukumela izimvo usebenzisa izinto ezibambekayo nezimvo.
- Ukwahlula iintsingiselo kakuhle kwiitekisi nezinto ezicingelwayo ukucacisa, ukucela umngeni kunye nokuphendula ngendlela eyiyo.
- Ukuqaphela nokucela umngeni kulwimi oluqhutywa yimizwa nolwimi olunobuqhetseba, olunomkhethe nolubeka abantu kuluhlu oluthile, ipropaganda kunye neentengiso ukuze kusoloko kugcinwe ingxoxo evulekileyo.
- Ukuvakalisa izimvo ngengqiqo nangokunamathelanayo kusetyenziswa ulwazi olufanelekileyo

  *Uluhlu: Umkhethe ophuhliswa ngokucalula ngokwenkcubeko, inkolo, ubuhlanga, isini, ubume basekuhlaleni nobudala.*
- Bacacisa ukuba intsingiselo ingatenxa ngokusebenzisa nokubandakanya okanye ukungabandakanyi izinto nolwazi oluthile.

  *Uluhlu: Izithintelo zibhekisa kwizinto neembonakalo (yangaphandle), ungcikivo lwabanye lwengqondo (ngokwentsukaphi, imfundo, ubukrelekrele, umsebenzi abawenzayo, iindlela abazonwabisa ngazo, izidingo zabo, uluvo, ubudala, isini, inkcubeko, amasiko nezithethe, inkolo, ingcingane etenxileyo), ukuzicingela nokwayamanisa izinto ezithile neentsingiselo ezithile*
- Baphononononge unxulumano nozalano phakathi kolwimi nenkcubeko kunye nobungangamsha namandla.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubonakalisa ukuzithemba ngeempendulo ezinikwayo kwizimvo ezichasayo nezahlukileyo.

Kulindeleke ukuba abafundi:

- Bahlule phakathi kwamanqaku angundoqo naxhasayo, iinkcukacha ezingundoqo nezingabalulekanga kuyaphi.
- Babonakalise ukuqonda iimvakalelo, izimvo neembono zesithethi okanye zothethayo.
- Bavakalise izimvo neembono zabo ngokuvakaliayo nangokucacileyop, bengasebenzisi lulwimi lungcikivayo, luchukumisayo.
- Bakwazi ukubamba uthetha-thethwano olunempumelelo

**7.1.2 IsiPhumo sesiFundo 2:** Ukukhumbula, ukuthelekelela nokuphonononga ulwazi lwentetho yomlomo, ukuhlaba amadlala nokuhlalutya ngokwakhayo.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukuqaphela nokuhlalutya iinkcukacha, izimvo ezingundoqo nezixhasayo, neenkcaza ngokuchanekileyo kwiimeko ezahlukeneyo zokuthethwayo.

  *Uluhlu: Iitekisi zokuthethwayo ziquka imibuzo, izicelo, izikhalazo, iinkcaza, iingxoxo, okubaliswayo, uncwadi, iintetho neetekisi ezenziwa ngobuxhakaxhaka beteknoloji*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Babhale ingxelo yamanqaku angundoqo naxhasayo.
- Bathathe amanqaku, baqinisekise, babhale izicatshulwa ngamanye amazwi angawabo benze nezishwankathelo.
- Babalise yaye bacacise abakuvileyo.
- Bathobele imiyalelo, benze njengoko bekhonjisiwe.
- Bancome bakhuthaze.
- Baphulaphule yaye baphendule imibuzo efuna ingcaciso ngokucacileyo

**IziPhumo zesiFundo:**

Usebenzisa amacebo athile okuthetha nokuphonononga intetho yomlomo kwiimeko ezahlukeneyo

*Uluhlu: Amacebo lawo aquka imibuzo, ukulandelelanisa iziganeko, ukuqaphela nokukhetha ukufana nokwahluka kwezinto, ukuphawula nokukhetha unobangela nefuthe, ukushwankathela nokuphawula oyena mongo wokuthethwayo, ukubeka ngamanye amazwi nokuphinda-phinda.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho ukuba:

- Bakhe imibuzo engqamene nomxholo.
- Baphendule imibuzo ngokufanelekileyo.
- Balandelelanise iziganeko okanye banike iinkcukacha ezilandelelanayo ngokuchanekileyo.
- Bachaze izinto ezifanayo bachaze nomahluko.
- Banike izikhokelo ezikhuthazayo ezinjengokunqwala, ukuvungama, ukujonga ntsho emehlweni, imbonakalo yobuso, ukubamba, ithoni yelizwi.
- Bashwankathele okanye babeke intetho ngamanye amazwi bechaza umongo wokuthethiweyo.
- Baphinda-phinde yaye bablise iingxoxo-mpikiswano, izimvo nembono ezivakalisiweyo noyena mxholo ukubonakalisa ukuba bakuqondile ebekuthethwa

**7.1.3 IsiPhumo sesiFundo 3:** Usebenzisa amacebo athile okuthetha nokuphonononga intetho yomlomo kwiimeko ezahlukeneyo.

**IziPhumo zesiFundo:**

Uhlalutya iimpawu zesithethi zokusebenzisa ulwimi, indlela yokuthetha nethoni, zicaciselwa ukuqhiphula umxhelo wabaphulaphuleyo neemvakalelo zabo.

*Uluhlu: Ulwimi lobuciko luthetha ukusebenzisa, izafobe nezici, umfanekiso-ntekelelo nemizekeliso (izifaniso, izikweko, isimntwiso, izigaba zentetho), imfano-zandi, isifanadumo, izikhamiso ezifanayo, isingqisho nemvano-siphelo, intetho yokukhuthaza, ukuphembelela (utsalelo kwicala elingathi lingaphumelela, isingqini, ubaxo nobabazo, imibuzo emifutshane etsolileyo, ugqithiselo, uphinda-phindo, amagama avusa umnyele, izihlekiso, ukugqebela, ukugwexa, ukuphoxa, ukukhwenca, ukuchwisha nokuhlaba amadlala*.

Kuyimfuneko ukuba abafundi :

- Bakhethe indlela eyiyo nefanelekileyo yokuthetha, amagama awamkelekileyo, nobuciko obuphlulileyo kwiimeko ezithile ngeengongo ezithile.
- Bachaze yaye bakhusele indlela abakhethe ngayo amagama abawasebenzise entethweni yomlomo.
- Babonakalise ukutyhileka kwengqondo ngokuphathelene nemiba eyahlukileyo yenkcubeko bethintela ukusebenzisa ulwimi oluthintela unxulumano nonxibelelwano olunempumelelo, umkhethe nongcikivo.
- Banike iingxelo ngendlela yezinye izithethi yokusebenzisa ulwimi.
- Banike ezinye izithethi ingxelo ebonakalisa intlonipho nentlonelo yezimvo neembono zabanye ezahlukileyo.

**IziPhumo zesiFundo:**

Uphononongа ukusetyenziswa kwezangotshe zomzimba nolwimi olufanelekileyo ngokufanelekileyo zilungele imeko, injongo nomxholo.

*Uluhlu: Izangotshe zomzimba ziquka ukusebenzisa ulwimi, upelo oluchanekileyo, ubizo lwamagama oluchanekileyo, ucinezelo, imvakalozwi, isingqi, uphumlo, ukuhlanganisa amehlo, ukuma, iimpawu zezandla.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho*:*

- Bachaze iindlela ezithile ezingathethwayo zokuhambisa imiyalezo ethile.
- Babonakalise ukubaluleka kokusebenzisa izangotshe zomzimba xa kuwiswa iintetho zomlomo

**IziPhumo zesiFundo:**

Uceba alungiselele ukuwisa intetho yomlomo ngokusebenzisa ubuchule bokuphanda ulwazi.

Kulindeleke ukuba abafundi:

- Benze uphando-lwazi besebenzisa izixhobo ezahlukeneyo, umzekelo, uthelekiso, I-intanethi newebsayithi yolwazi, udliwanondlebe nokucela iingcebiso.
- Bacwangcise ulwazi ngendlela ecacileyo elindelekileyo.
- Balungise iintetho zabo zomlomo bebhale iintshayelelo, iinkcaza neziphethelo ezifanelekileyo.

**IziPhumo zesiFundo:**

Uphononongа abonakalise usetyenziso lobuchule bentetho kwiimeko ezahlukeneyo nokudlulisa imiyalezo ejolisiweyo engqalileyo kwimeko ezahlukileyo.

*Uluhlu : Ubuchule obu buquka ubume, ulwakhiwo nocwangciso lomxholo, uluvo, ukuphawulwa kwenjongo, udidi lwabaphulaphuli, uvakalelo, ukhetho lolwimi olungacikivi, intetho efanelekileyo, ubuciko, isihlekiso nokusebenzisa umzimba nezinye iindlela zokuphuhlisa loo nto kuthethwa ngayo.*

*Uluhlu : Izixhobo zokuncedisa ukuphuhlisa umongo nenjongo zibandakanya iitshati, iiposta, amafoto, imizekeliso, iimodeli, ikhompyutha, umculo nezinye izixhobo ezikhupha isandi nezinye iindlela zokuphuhlisa loo nto kuthethwa ngayo.*

Kulindeleke ukuba abafundi:

- Bacebe bacwangcise iintetho zabo zomlomo bephuhlisa ubuchule ababusebenzise kwiinkalo okanye kuluhlu.

**7.1.4 IsiPhumo sesiFundo 4:** Ukuphononongа ukusetyenziswa kolwimi ngokwegrama kunxibelelwano ngomlomo

**IziPhumo zesiFundo:**

- Usebenzisa iziseko zegrama ezichanekileyo xa egqithisa imiyalezo okanye iimpendulo.

  *Uluhlu : Iziseko zegrama*

  - *Ubumbo-zivakalisi okanye isintaksi – iimpawu zesivakalisi, izivakalisi ezilula, izivakalisi ezinzulu, ulwandiso noxando lwezivakalisi, ukwahluka kwezivakalisi, ukuphungulwa kwezivakalisi namagatya*
  - *Izigaba zentetho – izibizo, izenzi, iintsizasenzi, iziphawuli nezibaluli, izihlanganisi, izimelabizo, izimaphambili nezisekelo ezifanelekileyo*
  - *Amaxesha – elidlulileyo, elangoku, elizayo.*
  - *Izivumelanisi,*
  - *Isixando sokwenza nesokwenziwa*
  - *Intetho ngqo nengxelo-ntetho*
  - *Amabinzana oxhomekekeko.*

Kulindeleke ukuba abafundi:

- Bakhe izivakalisi ezilandelekayo, balungise ezo zivakalisi zingakhiwanga namagatya angakhiwanga ngandlela
- Basebenzise izivakalisi namagatya belandela igrama ngokufanelekileyo

**IziPhumo zesiFundo:**

- Wakha andise isigama ngokuzekelisa intsingiselo ngemizekeliso esemxholweni.

Kulindeleke ukuba abafundi:

- Baphuhlise izakhono zolwimi ngokusebenzisa igrama nobumbo-zivakalisi okanye isintaksi, iingcambu zamagama, izimaphambili nezigqibelo ukuzekelisa intsingiselo.
- Baphawule bahlalutye indlela ulwimi oluboleka ngayo kolunye okanye kwezinye iilwimi amagama, ukutshintsha kwentsingiselo yamagama ngokuhamba kwamaxesha, nokwakha amagama amatsha.
- Bachaze indlela iimpawu zentetho eziziphuhlisa ngayo iipateni ezibonisa ukucingisisa, unxulumano nokukhupha intsingiselo.

  *Uluhlu : Lipateni zezivakalisi nonxulumano nozalano luquka unobangela negalelo lakhe, inyani noluvo, ingxoxo nenkxaso-luvo, ulandelelwaniso lweziganeko , uthelekiso nochasaniso, imibuzo neempendulo, ushwankathelo nokugqibezela, ubethelelo nodweliso.*
- Bahlule phakathi kwentsingiselo-zwi  nentsingiselo yesibini.
- Baphulaphulisise begqalile kwiitekis zomlomo ezahlukileyo.

### 7.2 Isihloko 2: UkuFunda nokuLolonga

#### 7.2.1 IsiPhumo sesiFundo 1: Ukusebenzisa ubuchule bokufunda nokuLolonga ukuphononononga intsingiselo ebhaliweyo, ebonwayo, izicatshulwa ezintlobo-ntlobo neendlela zonxibelelwano olungathethwayo

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubonisa ubuchule obahlukeneyo bokufunda nokuLolonga ukufumana intsingiselo nokuthakazelela.

*Uluhlu: Ubuchule buquka ukufunda ngokukhawuleza, ukusingasinga, ukufunda kwangaphambili, ukufunda kwakhona, ubuchule bokuthekelela nokuhluza, ukufunda ngokugqalayo, ukusebenzisa izixhobo zokwalatha, nolwazi lwemigaqo yolwimi nobumbo-zivakalisi, ukuqulunqa nobuchule bokushicilela, nemizobo ebonisa izinto eziqhelekileyo, iintlobo zezicatshulwa neempawu zezicatshulwa.*

*Qaphela: Izicatshulwa eziziintlobo ezohlukeneyo ziquka izicatshulwa eziviwayo, eziviwa-zibonwa, nezicatshulwa ezibonwayo ezifana nemifanekiso ehlekisayo nolwazi olukwiwebhusayithi.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukufunda ngokukhawuleza izicatshulwa ngenjongo yokufumana amagqabantshintshi esicatshulwa.
- Ukusingasinga izicatshulwa ngenjongo yokubona ezona zimo ziphambili ngokufunda izihloko, iintshayelelo, imihlathi yokuqala nezivakalisi zokutshayelela.
- Ukusingasinga izicatshulwa ngenjongo yokufumana ulwazi oluthile neenkcukacha ezixhasayo.
- Ukufunda kwangaphambili izicatshulwa ukufumana ingqiqo ebanzi ngomxholo.
- Ukufunda kwakhona izicatshulwa ngenjongo yokuqinisekisa ulwazi, ubunyaniso nezimvo, imbono nenjongo.
- Ukuthekelela umxholo ngokubuza imibuzo.
- Ukuhluza izicatshulwa ngenjongo yokuziphononononga ngocoselelo ngenjongo nomsebenzi.
- Ukufunda izicatshulwa ngokugqalileyo ukuze kuphendulwe imibuzo yezicatshulwa.
- Ukusebenzisa imithombo yokwalatha nezakhono zokuhlasela amagama ezifana nolwazi lwemigaqo yolwimi nobumbo-zivakalisi, iingcambu, izimaphambili nezimamva ukufumana intsingiselo.
- *Ukusebenzisa ulwazi lokuqulunqa intetho nobuchule bokushicilela, nemizobo ebonisa izinto eziphilileyo, iintlobo zezicatshulwa neempawu zezicatshulwa ukubonisa ingqiqo.*
- *Ukusebenzisa iintlobo zemibuzo ukufumana ulwazi nokucacisa intsingiselo*

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukukhangela iintlobo ezingathethwayo zokunxibelelana kwimpembelelo yentsingiselo yazo.

  *Uluhlu: Iintlobo ezingathethwayo zokunxibelelana ziquka ukuthetha ngomzimba, imbonakalo yobuso, izijekulo, imiqondiso nemizekeliso, imibala, imifanekiso nemiboniso, inkcaza yemiboniso nemizobo, iintlobo zenkcubeko, ukufunda imilebe nokuthetha ngezandla.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuchonga iintlobo ezingathethwayo zonxibelelwano.
- Ukubona nokuchaza imiyalezo ecacileyo nengacacanga eboniswa zinqubu ezingathethwayo.
- Ukuchonga iintlobo ezingathethwayo zonxibelelwano kusenzelwa iinqobo zentlalo, ezenkcubeko nezopolitiko, imo neenkolo.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubona nokuchaza indlela ubuchule bezafobe nokubhala obunegalelo kwindlela ekucwangciswa ngayo intsingiselo.

  *Uluhlu: Ubuchule bubhekiselele kulwimi olucacileyo nolunezafobe; ukusetyenziswa kwezikweko nemizekeliso (isifaniso, isikweko, isimntwiso); izixhobo zezandi ezifana nokuphinda-phinda, isifanodumo, ukufana kwezikhamiso ezicinezelwayo, imvano-siphelo nesingqisho; ubuchule bokucenga (ukuzimisela ekuphumeleleni, isingqini, ubaxo nokuchaza into ngokuyinciphisa, imibuzo emifutshane egxininisayo, ukudlulisa ulwazi, ukuphinda-phinda namagama abonisa imvakalelo); kusebenzisa uburharha, isigqebelo, ukubhala ngendlela ekhwencayo nempoxo.*
  *Ubuchule obubonakalayo nobufanekiswayo bubhekiselele kwiintlobo ezohlukeneyo zentetho, imvelaphi yentetho nendawo ekuthethwa kuyo, isakhiwo nemixholo, ukusetyenziswa kwesimo, nobuchule bekhamera.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukubona ubuchule obukwekwayo nobubonakalayo, njengoko bubonakalisiwe kuluhlu, yaye babonise impembelelo yabo kwintsingiselo.
- Ukubona imixholo nezimvo ukufumana intsingiselo.
- Ukubona nokukhangela ubuchule obuviwayo, obuviwa-bubonwa nobufanekiswayo nempembelelo yabo kwintsingiselo.

  *Uluhlu: Ubuchule obufanekiswayo buquka iimbombo zekhamera, imifanekiso yekhamera, ukukhanya, izandi zomculo nezandi ezisetyenziswa kwirediyo nasekwenzeni ibhanyabhanya, nokuphicotha.*

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukufumana nokuchaza iimpawu zezicatshulwa ngenjongo yokuchaza umsebenzi wazo nempembelelo yazo kwintsingiselo.

  *Uluhlu: Iimpawu zezicatshulwa ziquka izihloko, iintshayelelo, imihlathi, iziphelo, iingxelo zeziphumo, izahluko, izishwankathelo, iziqulatho, imizobo, izihlomelo okanye izongezelelo, isingeniso, isalathisi, uluhlu lweziqulatho, uluhlu lwenkcazelo, unxulumano oluphezulu, isakheko/ubuchule bokushicilela, izintlu, imizobo, ubungakanani bamagama nohlobo lwamagama, imibala, imifanekiso neminye imifaneiso ebonwayo, iintloko, iimbombo zekhamera nobunye ubuchule beziviwa-zibonwa nobemifanekiso.*

  *Izicatshulwa ziquka izicatshulwa zobugcisa, izicatshulwa ezibhaliweyo (20%),ezibonwayo, izicatshulwa eziviwayo nezizintlobo-ntlobo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

<u>Ukubona iZicatshulwa zobuGcisa nezokusebenzisana:</u>

- Ukuchaza injongo, isakheko nolwimi olusetyenziswe kwiintloo zezicatshulwa.
- Izicatshulwa ziquka iingxelo, iinkqubo, imiboniso nenkcazelo, nemisebenzi yophando.
- Ukubona nokuphonononga impembelelo yeempawu zezicatshulwa njengoko zichaziwe kusihloko soHlobo lwentetho.

<u>*Inoveli/ ibali elifutshane/ iintsomi/ nezicatshulwa ezimfutshane*</u>

- Ukuphicotha ukuphuculwa koyilo lwebali, uyilo oluncinane, Impixano, umlinganiswa nendima kanobalisa xa kufanelekile.
- Ukuphicotha ukusetyenziswa kobuchule obungabonwa nobubonwayo (njengoko kuchaziwe kwisihloko esithi uhlobo) nokuchaza impembelelo yabo kwintsingiselo.
- Ukuchonga nokuchaza imixholo nezimvo.
- Ukuphengulula indlela imvelaphi nesakhiwo sebali esiyelele ngayo kumlinganiswa kunye/okanye kumxholo.
- Ukuguqula nokuchaza imeko, ixesha lokwenzeka, isigqebelo neziphelo.

<u>*Imibongo*</u>

- Ukuphicotha indlela ekukhethwa ngayo amagama, imizekeliso nezixhobo zezandi eziphembelela ngayo imeko, intsingiselo nomxholo.
- Ukuphicotha indlela ivesi neentlobo zeziqendu zezibongo, imvano-siphelo, isingqisho nokufaka iziphumlisi eziguqula ngayo intsingiselo.

<u>*Idrama*</u>

- Ukuphicotha ingxoxo nesenzo, nonxulumano kumlinganiswa nomxholo.
- Ukuphengulula uyilo, uyilo oluncinane, ukubunjwa kwabalinganiswa, impixano, injongo yedrama nesigqebelo sedrama.
- Ukuguqula isakhiwo sedrama nemiyalelo yeqonga.

*Izicatshulwa eziBonwayo neentlobo zentetho*

- Ukuchonga ubuchule bokuqala bemifanekiso nokuchaza impembelelo yabo kwintsingiselo.
- Ubuchule bemifanekiso buquka ukusetyenziswa kwemibala, intetho, izandi zomculo nezixhobo zomculo werediyo okanye ekwenzeni ibhanyabhanya, iimbombo zekhamera, imifanekiso yekhamera, ukujika-jika kwekhamera, ukukhanyiswa, ukufaka kwisakheko, ukuqulunqa, ukubeka kwindawo ekufuphi kumboneli, ukubeka kwindawo ekufuphi nendawo engasemva, nokuphicotha.
- Ukubona nokuphicotha indlela umyalezo nomxholo eziphicwa ngayo kuzo zonke iimeko zezicatshulwa.
  *Ingcebiso: Izicatshulwa ezinemifanekiso zinakho ukubandakanya izibhengezo-ntengiso zikamabonakude, imiboniso-bhanyabhanya ebonisa izinto zinjengoko zinjalo, ufundo ngemiboniso-bhanyabhanya, iingxoxo ezenziwa komabonakude neengxoxo zamaqela abantu.*

**IziPhumo zesiFundo:**

Ukukhangela impembelelo yeenqobo zombhali zentlalo nezenkcubeko, izimvo nokuqal'ugwebe kwimpembelelo yazo kwingqiqo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho*:*

- Ukubona imvelaphi yentlalo nenkcubeko kwizicatshulwa.
- Ukubona nokuchaza iinqobo, izimvo nokuqal'ugwebe obubonakaliswa kwizicatshulwa.

### 7.2.2 IsiPhumo sesiFundo 2:

- Ukuchaza nokuphendula ngokwakhayo kwizicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo nezizintlobo ezohlukeneyo izicatshulwa ezingathethwayo zonxibelelwano kwiinjongo ezohlukeneyo ezimiselekileyo

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubhala nokuthatha amanyathelo kulwazi olubhaliweyo, olubonwayo noluziintlobo ezohlukeneyo ngokuphathellee kwinjongo yomsebenzi nakubaphulaphuli.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukumisela injongo yezicatshulwa.
- Ukubona ulwazi neenkcukacha ezifanelekileyo kwizicatshulwa.
- Ukwahlula ulwazi oluyimfuneko kolo lungeyomfuneko.
- Ukwenza iimfuno zomsebenzi.
- Ukuphendula ngokufanelekileyo kwimibuzo yezicatshulwa.
- Ukusebenzisa ulwazi lohlobo, ucinezelo nentetho ethile kulungiselelwa ukuphendula ngokufanelekileyo.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukusetyenziswa kwezakhi ukunika ulwazi nentsingiselo ngendlela enengqiqo nenamathelanayo.

  *Uluhlu: Izakhi ziquka imizobo eyohlukeneyo ebonisa izinto eziqhelekileyo, izicatshulwa, izishwankathelo, amanqaku, ukumiselwa kwexesha, imizobo yemithi, ukushwankathela, iigrafu nenkcaza yemifanekiso, iimephu zengqondo, iindima zemidlalo, ukulinganisa imidlalo nentetho, ukubalisa kwakhona nemifanekiso, iingxelo, neempendulo zemibuzo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukufunda/ukuLolonga izicatshulwa ngenyameko ngokwenjongo yomsebenzi
- Ukuhlola nokubhala ulwazi ngokwenjongo yomsebenzi.
- Ukusebenzisa izakhi ezifunyenwe kuluhlu ngenjongo yokugcina ulwazi.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukukhangela nokuchaza imiyalezo ecacileyo nentsonkothileyo neembono ezohlukeneyo kukhangelwa kwizicatshulwa.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukubona umahluko phakathi kwemiyalez ecacileyo nentsonkothileyo.
- Ukubona nokuchaza iimbono ezichazwe kwisicatshulwa.
- Ukusebenzisa ubungqina obuxhasayo obuthathwe kwisicatshulwa ukungqina uluvo oluthile.
- Ukubona nokuphicotha iintsingiselo ezikwekwayo nezicacileyo.
- Ukubona nokuphicotha ulwimi olungathathi cala noluxhomekeke kwimeko ethile.
- Ukukhangela indlela ukufakelwa nokushiywa kolwazi kwisicatshulwa ekunokuphembelela ngayo intsingiselo.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukuchonga, ukuphicotha nokwahlula izimvo eziphambili nezixhasayo ngenjongo yokuphucula ingqiqo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukubhala izimvo eziphambili nezixhasayo njengoko kuyimfuneko, umzekelo kuluhlu, kwisishwankathelo, kumzobo, njalo, njalo.
- Ukwahlula phakathi kweenkcukacha ezibalulekileyo nezingabalulekanga.
- Ukwahlula ulwazi oluyinyaniso kwiimbono.

**IziPhumo zesiFundo:**

Ukuphakamisa ukonwabela okanye ukungonwabeli isicatshulwa nokungqina uluvo oluthile kusalathwa kwisicatshulwa nakumxholo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuvakalisa imvakalelo yabo ngokuphathelele ekonwabeleni nokungonwabeli isicatshulwa.
- Ukungqinela imvakalelo yabo ngokwalatha kwisicatshulwa.

**7.2.3 IsiPhumo sesiFundo 3: Ukukhangela nokuchaza indlela izakhi neempawu zolwimi eziphembelela ngayo intsingiselo nesicatshulwa**

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukukhangela nokuchaza impembelelo yobuchule bokubhala ngokwembono yomfundi.

  *Uluhlu: Ubuchule bokubhala buquka ubude bezivakalisi, iziphumlisi, ingcaciso-mazwi, ukusetyenziswa kolwimi olubonakalayo nolukwekwayo, intetho nesimbo esithile.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukubona impembelelo yobuchule bokubhala, njengoko ibonisiwe kwisihloko esithi Uhlobo, kwintsingiselo
- Ukuchaza impembelelo yobuchule bokubhala, njengoko ibonisiwe kwisihloko esithi Uhlobo, kwintsingiselo

**IziPhumo zesiFundo:**

- Kuhlalutywa iziseko ezithile zolwimi nobuchule obubodwa ukuchaza indlela eziyixhasa ngayo injongo nolonwabo.

  *Uluhlu: Iziseko zolwimi ziquka izakhi zegrama, iipatheni zezivakalisi, unxulumano olufana nonobangela nesiphumo, okuyinyani noluvo, ingxoxo nezinto ezixhasayo, ulandelelwano, uthelekiso, imibuzo neempendulo, ushwankathelo neziphetho, ugxininiso nodweliso*

Kulindeleke ukuba abafundi:

- Bagwebe yaye baxhase indlela iziseko zentetho nezolwimi ezichatshazelwe kwisiqendwana esithi **"Uluhlu"** eziyichaphazela ngayo intsingiselo, injongo nolonwabiso okanye ulonwabelo lwentetho.

### 7.3 UkuBhala nokwenza iNkcaza

**7.3.1 IsiPhumo sesiFundo 1:** Ukusebenzisa nokukhangela ubuchule bokubhala kwiimeko ezohlukeneyo, ngeenjongo zemixholo yendawo zokusebenza

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukuqaphela iimfuno nokucwangcisa imisebenzi ebhalwayo ukulungiselela injongo nemeko.

  *Uluhlu: Imisebenzi ebhalwayo iquka iingxelo ezimfutshane, amaxwebhu namaphepha emibuzo, iziphakamiso nezinye izicatshulwa ezicengayo neembalelwano zeendawo zokusebenza*.
  ***Izicatshulwa*** *ziquka izibhengezo-ntengiso (izibhengezo ezihleliweyo neziboniswayo), izaziso neepowusta, iziphakamiso, iisetyhula, iileta eziya kumajelo eendaba, amanqaku ezigidimi okanye oshicilelo.*
  ***Imbalelwano yendawo zokusebenza:***
  *Iileta ziquka izikhalazo, iileta zemibuzo neempendulo; iileta zezimemo nokwamkelwa/ukungamkelwa kwesimemo, iileta zokugcina indawo, iileta zeminqweno emihle, iileta zemisebenzi.*
  *Iingxelo ziquka ingxelo ebuyayo nengxelo yengozi.*
  *Imbalelwano emfutshane iquka isaziso esibhaliweyo esigcinelwa ixesha elizayo, imiyalezo yefeksi, imiyalezo ye-imeyile, imiyalezo yemfonomfono, isimemo esimiselekileyo somntu wabucala nempendulo; izicelo zomlomo ezibhaliweyo.*
  *Imbalelwano yentlanganiso iquka ukubhalwa kwamanqaku abalulekileyo, ukongezwa kwamanqaku abalulekileyo; izaziso, i-ajenda, nemizuzu yezehlo.*

*Ezinye iinjongo ziquka ukuguqulwa kohlobo olumbaxa lolwazi lususwa kwenye imo lusiwa kwenye, olufana neegrafu nemihlathi, inkcazo ngobimi bomntu, inkcazo emfutshane nemihlathi egwegwelezayo, namaxwebhu namaphepha emibuzo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuguqula iimfuno zemisebenzi ebhalwayo njengoko ibonisiwe kwisihloko esithi Uluhlu.
- Ukubona imeko ekujoliswe kuyo nenjongo eyodwae yomsebenzi.
- Ukukhetha isigama nentetho efanelekileyo yomsebenzi
- Ukubhala ngokungawangiswanga izimvo zakhe, ukwenza uphando nokulungiselela umsebenzi wokubhala.

  *Uluhlu: Ukucwangcisa kuquka kodwa akumiselwanga kwiimephu zengqondo, kwimizobo, oonobumba abatsalekileyo, inkcaza, iitshathi, imizobo ebonisayo namanqaku.*

**IziPhumo zesiFundo:**

Ukuchaza ezona zimvo zibalulekileyo nezixhaswa ngokucacileyo lulwazi oluphathelele kwinjongo nomxholo wentetho.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukucwangcisa izimvo zabo yaye bazibhale kwisakheko.
- Ukumisela ezona zimvo zikhethekileyo eziza kusetyenziswa.
- Ukuqulunqa izivakalisi ezizizihloko ngoluvo oluphambili.
- Ukwandisa izimvo eziphambili zibe yimihlathi, besongeza izimvo ezixhasayo, iinkcukacha ezibalulekileyo nezingabalulekanga.

**IziPhumo zesiFundo:**

Khetha imbonakalo nobume obufanele injongo nomxholo weqela elisebenzayo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuqwalasela iimfuno zomsebenzi yaye bakhethe owona mxholo ufanelekileyo.
- Iingxoxo ezibhaliweyo nolwimi ziyachazwa yaye zisetyenziswa kwiqela lemisebenzi eyohlukeneyo ebhalwayo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukwakha izivakalisi ezinentsingiselo nezinamathelanayo.
- Ukusebenzisa ezona zimvo ziphambili nezixhasayo ngobuchule kwinkqubo yokucwangcisa.
- Ukwakha izivakalisi ezizizihloko nokuzandisa zibe yimihlathi.
- Ukufunisela ngesimbo sokubhala ngeenjongo zobugcisa nokusebenza ngokufanelekileyo.
- Ukubona nokusebenzisa ubuchule bemibuzo engafuni mpendulo obuziintlobo ezohlukeneyo nesimbo sokubhala.
  *Ubuchule bemibuzo engafuni mpendulo nesimbo sokubhala zibhekiselele kulwimi olucacileyo nolo lukwekwayo; ukusetyenziswa kwemifanekiso nokuzekelisa (isifaniso,isikweko, isimntwiso, ubuchule bezandi obufana imfano-zandi,isifanodumo, ukufana kwezikhamiso ezicinezelwayo, imvano-siphelo nesingqisho; ubuchule bokucenga (ukuzimisela ekuphumeleleni, isingqini, ubaxo nokuchaza into ngokuyinciphisa, imibuzo emifutshane egxininisayo, ukudlulisa ulwazi, ukuphinda-phinda namagama abonisa imvakalelo); kusebenzisa uburharha, isigqebelo, ukubhala ngendlela ekhwencayo nempoxo.*
- Ukusebenzisa ubuchule obufana nezihlanganisi, izimelabizo, izihlomelo, izimaphambili namagatya ukuhlanganisa izivakalisi nokuqinisekisa ukunamathelana kwentetho.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubonisa uvakalelo lwenkcubeko nomxholo kwisimbo sokubhala nokukhethwa kwamagama.
  *Uluhlu:Uvakalelo lwenkcubeko nomxholo lubandakanya ulwazi locinezelo, isimbo, intetho yabantu abathile, ukubandakanywa nokushiywa kolwazi, ukuqal'ugwebe, ulwimi olunemvakalelo, olucengayo nolwimi "olwamkelekileyo eluntwini".*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuhlola iqondo lokumiseleka, ucinezelo (imvakalelo) nendlela eyimfuneko kumsebenzi obhalwayo.
- Imisebenzi ebhalwayo inokubandakanya izicatshulwa zobunzululwazi, ezinobunyani, ezichazayo, ezibalisayo, eziphikisayo, ezicengayo okanye ezigwegwelezayo.
- Ukumisela nokusebenzisa intetho ngenjongo yokubhala.
- Ukususa ulwimi lokuqal'ugwebe nolunye ulwimi olukhathazayo xa kubhalwa naxa kuphicothwa isiatshulwa.
- Ukuphononongа impembelelo yokubandakanywa okanye yokushiywa kolwazi.

- Ukuhluza amagama akhethiweyo nolwimi olusetyenzisiweyo ukuze kusetyenziswe isigama sobuchwepheshe esifana neso sisetyenziswa kwiintlanganiso, kulwimi olungaphucukanga, kwintetho eqhelekileyo, kwintetho exutywe namagama antsonkothileyo, kulwimi olufanelekileyo “nolwamkelekileyo eluntwini”.

**7.3.2 IsiPhumo sesiFundo 2: Ukukhangela nokusebenzisa izakhi zolwimi ukuvelisa intetho ebhaliweyo enemigaqo yolwimi efanelekileyo**

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukusebenzisa ulwazi lwemigaqo yolwimi kumsebenzi obhalwayo.

  *Uluhlu: Izakhi zemigaqo yolwimi iquka*
  - *Ubumbo-zivakalisi –iimpawu zesivakalisi; izivakalisi ezicacileyo; izivakalisi ezimbaxa; ukwandiswa kwezivakalisi, iintlobo zezivakalisi; ukuncitshiswa kwezivakalisi, amabinzana*
  - *Izigaba zeNtetho- izibizo, izenzi nentsizasenzi; iziphawuli, nezihlomelo, izihlanganisi, izimelabizo, izimaphambili, namanqaku*
  - *Amaxesha- ixesha elidlulileyo, elangoku, nexesha elizayo.*
  - *Imvumelwano*
  - *Isixando sokwenzeka nesixando sokwenziwa*
  - *Intetho ngqo neNgxelo-ntetho*
  - *Ukulandelelana kwamagama*
  - *Amagatya oxhomekeko.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuqulunqa izivakalisi ezinengqiqo nezinamathelanayo kunye nokulungisa izivakalisi namabinzana ezisetyenziswe ngokungafanelekanga.
- Ukusebenzisa izivakalisi namabinzana athethwayo ngendlela enemigaqo yolwimi efanelekileyo

**7.3.3 IsiPhumo sesiFundo 3:** Ukuphengulula nokukhangela amadlala kwintetho oyibhale ngokwakho naleyo ibhalwe ngabanye ukuze kwamkelwe intetho eluyilo ze kuveliswe nezicatshulwa ezifanelekileyo ngokwemigaqo yolwimi, ezinengqiqo nezinamathelanayo

**IziPhumo zesiFundo:**

- Khangela ze uphengulule isicatshulwa esibhaliweyo uthelekisa kwinkqubo ekuluhlu lokuzikhangela nokwamkela uyilo olubhaliweyo ngokufanelekileyo

  *Uluhlu lokuzikhangela luquka:*
  - *Ukukhangelwa kobume nembonakalo kujongwa ukufaneleka kumxholo nenjongo.*
  - *Kukhangelwa imbonakalo kujongwa ukufaneleka kumxholo neemfuno zonikezelo-nkcaza.*
  - *Kukhangelwa ulwimi olusetyenzisiweyo kujongwa uvakalelo lwenkcubeko nemeko nokufaneleka.*
  - *Kukhangelwa okuqulethweyo kujongwa ukuchaneka kolwazi oluyinyaniso, ukufaneleka, ubuchule nokunamathelana ngengqiqo.*
  - *Kukhangelwa ubuchule bokubhala kujongwa ukufaneleka komsebenzi nokuthobela iqondo lokumiseleka.*
  - *Kukhangelwa imithombo esetyenziswe ekubhalweni kwesicatshulwa kujongwa ukuba yalathiwe/ichaziwe yaye ibhalwe ngokuchanekileyo ngendlela elungele umseenzi lowo.*
  - *Kukhangelwa imigaqo yolwimi nopelo kujongwa ukufaneleka nokusetyenziswa ngokuchanekileyo.*
  - *Kuqwalaselwa ingxelo ebuyayo yenziwe kulungiselelwa ukulungelelanisa imisebenzi eluyilo xa kuyimfuneko.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuyila nokumisela uluhlu lokuzikhagela ukuze baphengulule izicatshulwa ezibhaliweyo
- Baphengulule izicatshulwa zabo nezabanye ezibhaliweyo, babonakalise uthakazelelo yaye benze izigwebo ezakhayo.
- Balungise intetho yabo ebhaliweyo ukuze ingeniswe njengenkcaza yokugqibela

**7.3.3 IsiPhumo sesiFundo 3:** Kuqulunqwe ze kunikwe inkcaza yezicatshulwa ngendlela efanele umxholo nelungele injongo ethile yonxibelelwano.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Kukhangelwe isicatshulwa sokugqibela ukuqinisekisa ukuba umyalezo ucacile, utsolile yaye uyalandelelana.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuvelisa izicatshulwa ezibhaliweyo ezivakalayo, ezibhalwe ngobuchule, eziphenguluiweyo nezenziwe zalungela iimfuno zomsebenzi kusetyenziswa inkqubo yoluhlu lokuzikhangela

**IziPhumo zesiFundo:**

- Kukhangelwe injongo yomsebenzi obhalwayo ukuqinisekisa ukuba eso sicatshulwa siyavumelana nabaphulaphuli nomxholo.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nacho:

- Kukhangelwe ukuba uyilo lokugqibela lolufanele ubaphulaphuli nomxholo.
- Kukhangelwe ukuba imbonakalo ekhethiweyo, ucinezelo, isimbo sokubhala nentetho esetyenzisiweyo yabantu abathile ngokunjalo nomthamo ziyahlangabezana kusini na neemfuno zomsebenzi.

**IziPhumo zesiFundo:**

Kukhangelwe ze kusetyenziswe ubuchule bokwenza inkcaza ukuchaza isicatshulwa sokugqibela.

*Uluhlu: Ubuchule bokwenza inkcaza buquka ubume nembonakalo, ukukhethwa kwentetho esetyenziswayo, ukubandakanywa kwezixhobo ezibonwayo nokuchazwa kwemifanekiso neenqubu ezingathethwayo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukuphengulula iimfuno zomsebenzi obhaliweyo kunikezelo-kcaza.
- Ukukhangela ukuba yonke imiyalelo ithotyelwe.
- Ukukhetha uhlobo lokwenza inkcaza kuyilo lokugqibela
- Ukuchaza nokugweba/ukuphonononga izicatshulwa eziluyilo lokugqibela nenkcaza.
- Ukwenza nokudibanisa ingxelo ebuyayo kumsebenzi wonikezelo-nkcaza

### 7.4 Ukusetyenziswa koLwimi

**7.4.1 IsiPhumo sesiFundo 1:** Ukufikelela nokusebenzisa imithombo efanelekileyo ukuphucula ukufunda nokunxibelelana.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukukhangela nokufumana imithombo eyohlukeneyo ngeenjongo zokunxibelelana nokufunda.

  *Uluhlu: Imithombo iquka imithombo ethethwayo, engathethwayo, yomlomo nemithombo eshicilelweyo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho*:*

- Ukukhangela ubuchule bale mithombo nokumisela imithombo efanelekileyo ze bayisebenzise kwezabo izicatshulwa ezibhaliweyo.
- Ukufikelela kule mithombo nokuyisebenzisa ngobuchule ngenjongo yokufunda.
- Ukusebenzisa ubuchule bokuthetha nobokumamela, obokubhala nokufunda ukubonakalisa nokuchaza isifundo esifunyenweyo.
- Ukwalatha nokubhala imithombo nolwazi olufunyenweyo kuthotyelwa iimfuno ezisemthethweni.
- Ukuqulunqa nokuvavanya ingqokelela yobungqina ukuqhubela phambili ukufunda kwanokwenza isicwangciso sekhondo lomsembenzi/sengqesho.

**IziPhumo zesiFundo:**

Ukubhala nokwenza inkcaza ngolwazi nangeenkcukacha zolwazi ngenjongo yokufunda kusetyenziswa iintlobo zopapasho ngobuchule.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukucwangcisa nokuqulunqa ulwazi nokwenza uphando ngendlela eyimfuneko kumsebenzi nenjongo.

  *Uluhlu: Ukucwangcisa kuquka kodwa akumiselekanga kwiimephu zengqongo, imizobo, oonobumba abatsalekileyo, uyilo oluboniswe ngesazobe, iitshathi, imizobo nangamanqaku olwazi.*

- Ukunika ulwazi ngendlela elungele umxholo.

  *Uluhlu: Imbonakalo iquka kodwa ayimiselekanga kwiingxelo, kwimisebenzi yophengululo, kwimihlathi, kwizicatshulwa, kwiigrafu nezazobe, uyilo oluboniswe ngezazobe nezintlu, imisebenzi eyabiweyo, iiprojekthi nangepotfoliyo enobungqina bomsebenzi owenziweyo.*

**7.4.2 IsiPhumo sesiFundo 2:** Ukufumana nokusebenzisa imigaqo neenkqubo zonxibelelwano ukuphucula ukufunda nokunxibelelana

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukukhangela inkqubo yonxibelelwano ukubonakalisa ukuqonda imigaqo yokunxibelelana ngobuchule.

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Babonakalise ukuluqonda uluhlu lwamagama kwanesigama esisetyenziswa kwimfundo noqeqesho ngoku.
- Basebenzise izishunqulelo kwanamagama akhiwe ngoonobumba bokuqala bamanye amagama.
- Bohlule phakathi kwamagama aneentsingiselo ezimbini nangaphezulu asoloko ebhidaniswa, amagama afanayo ngemvakalo kunye noomabizwafane, ze bababenzise ngendlela efanelekileyo kokubhaliweyo.
- Basebenzise igama elinye endaweni yebinzana kwaneentlobo-ntlobo zezifanokuthi, izichasi, iiparonimu ngokufanelekileyo.
- Basebenzise ngendlela efanelekileyo iintlobo-ntlobo zezaci namaqhalo.

**IziPhumo zesiFundo:**

- Ukubonakalisa ulwazi lwezakhi zolwimi xa kusenziwa inkcaza nokufunda ngendlela enemigaqo yolwimi nengqiqo efanelekileyo.

  *Uluhlu: Izakhi zolwimi ziquka ubumbo-zivakalisi, izigaba zentetho, amaxesha, imvumelwano, isixando sokwenzeka nesokwenziwa, intetho ngqo nengxelo-ntetho, ukulandelelana kwamagama, amagatya oxhomekeko, iziphumlisi nopelo.*

Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho:

- Ukusebenzisa ulwazi lweentlobo zeendlela zokupela, imigaqo nentetho.
- Ukusebenzisa isini, izininzi, nezinciphiso ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa isichazi sothelekiso nesogqithiso/ubaxo ngokufanelekileyo.
- Identify parts of speech and use them correctly and meaningfully in sentences.
- Ukusebenzisa injongosenzi, intloko nesivisa ngokufanelekileyo nokuphicotha imisebenzi yazo.
- Ukuvelisa iintlobo ezohlukeneyo zezivakalisi.
- Ukudala unamathelwano ngokusebenzisa izihlanganisi, izimelabizo, amabinzana namagatya..
- Ukusebenzisa isixando sokwenzeka nesokwenziwa ngokufanelekileyo kwizicatshulwa nokuphicotha imisebenzi yayo kwizicatshulwa.
- Ukusebenzisa intetho ngqo nengxelo-ntetho ngokufanelekileyo nangenjongo eyimfuneko.
- Ukusebenzisa izilanduli ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa izivumelwano ezamkelekileyo.
- Ukusebenzisa ukulandelelaniswa kwamagama ngokufanelekileyo nokuxoxa ngendlela ukulandelelaniswa kwamagama okunokuphembelela ngayo intsingiselo.
- Ukusebenzisa amagatya oxhomekeko ngokufanelekileyo.
- Ukusebenzisa iziphumlisi ngokufanelekileyo nangenjongo ekhethekileyo efana nokucacisa intsingiselo, ukubonisa ulwalamano lwemigaqo yolwimi nokugxininisa.

## 8 IIMFUNO ZEMITHOMBO KUMSEBENZI WOKUFUNDISA ULWIMI – INQANABA LE-4

### 8.1 Abasebenzi

Umntu onesidanga okanye idiploma onobuncutshe kwisifundo soLwimi esilungiselelwe isifundo soLwimi oluyiNtsika (NQF inqanaba le-5 nele-6), umhloli oqinisekisiweyo, onobuchule bokuququzelela ukufundisa iMfundo esekelwe kwiziPhumo. Ubuchule bekhompyutha buya kuba luncedo.

### 8.2 Izibonelelo zokunceda

Iiklasi zokufundela zixhotyiswe ngeebhodi zezaziso, iilebhu zelwimi nezokufundela (ezisekelwe kubuxhakaxhaka bezixhobo zombane nezinezixhobo zokubhala), amagumbi eekhompyutha, amaziko okubonisa into efundelwayo (amagumbi okuziqhelisa, iindawo ezinee-ofisi kunye/okanye iindawo zolwamkelo) neziko lemithombo (yoshicilelo).

### 8.3 Izixhobo

Iiteyiphu ezishicilelayo ezinezandisi-sandi, isandisi-sandi nesixhobo se-PA, isixhobo esibonisa imifanekiso kumabonakude, umatshini wevidiyo/dvd, umatshini wefeksi, izixhobo ezisebenza ngekhompyutha umzekelo iikhompyutha nomatshini bokushicilela amaphepha, iibhodi ezimhlophe, iitshati

ejikelezayo(ngokuzikhethela), umatshini webhanyabhanya nesakhelo esineglasi, nesixhobo sokuguqula iintlobo zemibhalo efihlakeleyo (ngokuzikhethela), ikhamera yevidiyo okanye esebenza ngamanani(ngokuzikhethela)

### 8.4 Izixhobo ezisetyenziswayo

Iifayile ezinezixhathiso zokunqika kulungiselelwa iPoE , incwadi yokubhala imisebenzi eyenziweyo, amaphepha ezilayidi (okubhala nokushicilela imifanekiso) amacwecwe ekhompyutha ne-cd, amaphepha okushicilela, iikhasethi zevidiyo ezingenanto, iikhasethi ezimanyelwayo, izixhobo zokumamela, amaphepha angqingqwa efeksi nawezixhobo zokushicilela, izinto zokubhala namaphepha, umzekelo: iintsiba zokubhala, ipensile, ikrayoni, iikoki, iPrestiki/ izicamathelisi, ikhadibhodi, amaphepha anemibala,

### 8.5 Izixhobo zokuFunda nokuFundisa

Izikhokelo zabafundi nabaququzeleli, izichazi-magama, amaphepha-ndaba, imagazini, iphowusta, iividiyo ne-dvd, uluhlu lweenkqubo ezifakwa kwikhopyutha ezilungiselelwe ukufunda ulwimi.

# ISONGEZELELO A: IZICATSHULWA – EZISETYENZISIWEYO NEZIVELISIWEYO

## 1 UKUSETYENZISWA KWEZICATSHULWA KUMSEBENZI WOKUFUNDISWA KOLWIMI

Kwimeko apho kusetyenziswa igama elithi 'isicatshulwa' lisetyenziswa kwiZikhokelo zesiFundo seeLwimi, ineentsingiselo ezininzi, kuqukwa nazo zonke iindlela zentetho yomlomo, ebhaliweyo, ebonwayo, eviwayo, eviwa-ibonwa neyeentlobo ezohlukeneyo. Kuyo yonke imisebenzi yokufundiswa kolwimi, kuyimfuneko ukuba izicatshulwa zisetyenziswe njengendawo yokuqala, yaye ezinye iintlobo zezicatshulwa ziya kuveliswa njengemveliso yale nkqubo. Kusetyenziswa inkqubo yokuveliswa kwezicatshulwa ezongeza ukuntsonkotha ukususela kwiNqanaba le-2 ukuya kwele-4, eyona miGangatho ifanelekileyo yoHlolo ibonisa inkqubela. Izicatshulwa, ezicacileyo nezintsonkothileyo, zisisiseko senkqubela kuzo zonke iilwimi. Kungoko ke, izicatshulwa, zingowona mthombo 'womthamo nomxholo' kwiilwimi kumsebenzi ohlanganisiweyo wokufunda nokufundisa.

Iintlobo ezohlukeneyo zezicatshulwa ezisetyenziswayo nezivelisiweyo kuyimfuneko ukuba zazise umfundi koku:

- kulwazi olutyebileyo nolufanelekileyo lweemeko zentlalo, zenkcubeko nezembali eziphuhlisa ulwazi lwelifa lolwimi;
- kwimixholo ecela umngeni nekhuthazayo ephuhlisa ulwazi olubalulekileyo lweenqobo nokuthakazelela imibandela ebalulekileyo yentlalo neyenkcubeko ngokunjalo nemikhwa esesikweni ezifanelekileyo kubomi babafundi baseMzantsi Afrika;
- kwiintlobo ezohlukeneyo zezimvo zabantu;
- kwiindlela ezohlukeneyo zolwimi olubhaliweyo noluthethwayo kukho izicwangciso ezininzi ezinokuncedisa umfundi aphucule indlela efanelekileyo nechanekileyo yokusebenzisa ulwimi;
- kuphicotho lwolwazi olucalanye, ukuqal'ugwebe nokuqukanisa ukuphucula indlela yokucinga ngokuqiqayo;
- kulwimi olucengayo nolunobuchule;
- kwimicimbi yamagunya phakathi kweelwimi;
- kuphuhliso lokwazi abaphula-phuli, injongo nomxholo ngemo, ucinezelo nangentetha efanelekileyo;
- kwiimpawu neenkcukacha zeentlobo ezohlukeneyo zezicatshulwa, kuqukwa nezicatshulwa ezicacileyo;
- kwiimpawu ezibonwayo neziviwayo;
- kwiintlobo ezohlukeneyo zobuchule besimbo sokubhala, obufana neentlobo zolwimi olukwekwayo nolobugcisa.

**Indlela enxibelelanayo nendlela esekelwe kwisicatshulwa** zombini zixhomekeke kwizicatshulwa ezisetyenziswa rhoqo neziveliswayo.

**Indlela esekelwe kwisicatshulwa yokufunda ulwimi** ijonga indlela izicatshulwa ezisebenza ngayo. Injongo yendlela esekelwe kwisicatshulwa kukunika abafundi ithuba lokufumana izakhono, bazithembe yaye babe ngabafundi abagwebayo, ababhali, ababukeli nabayili bezicatshulwa.

Oku kubandakanya ukumamela, ukufunda, ukuLolonga nokuphicotha izicatshulwa ngenjongo yokuqonda indlela eziveliswe ngayo yaye zinampembelelo ni na. Kusetyenziswa olu hlobo lonxulumano, abafundi baphucula izakhono zabo zokuphonononga izicatshulwa. Indlela esekelwe kwisicatshulwa nayo ikwabandakanya ukuveliswa kweentlobo ezohlukeneyo zezicatshulwa ngenjongo ethile kulungiselelwa abaphula-phuli abathile. Le ndlela ixhaswa lulwazi lwendlela ezakhiwa ngayo izicatshulwa.

**Indlela yonxibelelwano kumsebenzi wokufundisa ulwimi** ithetha ukuba xa kufundwa ulwimi, kuyimfuneko ukuba umfundi abe waziswe ngokwaneleyo kulwimi olo nakuninzi lwamathuba ukuze aziqhelise okanye avelise ulwimi ngokunxibelelana ngeenjongo zentlalo okanye zokuziqhelisa. Ukufunda ulwimi kumele ibe yinto ezenzeka ngendalo, inkqubo engamiselekanga nekuqhubekwa nayo eklasini apho kufundwa izakhono ezibonakalayo zokufunda nokuLolonga nokubhala/ ukwenza inkcaza ekwenzeka 'ngokwendalo' – abafundi bafunda ngokuziqhelisa kakhulu ukufunda yaye bafunda nokubhala ngokuziqhelisa ukubhala.

**UKWAZI INDLELA IZICATSHULWA EZAKHIWA NGAYO**

Izicatshulwa ziveliselwa iimeko ezizodwa neenjongo ezithile kuthathelwa ingqalelo abaphula-phuli. Ziindidi ezohlukeneyo zezicatshulwa ezinemisebenzi eyohlukeneyo yaye zilandela iingxoxo ezizodwa ngokuphathelele kwisakheko, kwisimbo sokubhala, kwimigaqo yolwimi, kwisigama nakumthamo. Ezi zibizwa ngokuba **yimizobo ebonisa izinto eziqhelekileyo.** Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho ukwazi nokuvelisa iintlobo zemizobo eyohlukeneyo ebonisa izinto eziqhelekileyo.
Izicatshulwa zikwabonakalisa iimeko zezenkcubeko nezopolitiko ezakhelwe kuzo, Ulwimi olusetyenziswa kwizicatshulwa lulo oluqulethe imiyalezi ephathelele kwiinqobo ezixabisekileyo zenkcubeko nezimvo zabantu zopolitiko abazibhalileyo okanye abaziyilileyo. Kungoko ke, izicatshulwa zingenakho ukungathathi cala. Kuyimfuneko ukuba abafundi babe nakho ukuguqula nokuphendula kwiinqobo nakwizimo ezikwizicatshulwa. Ngoko ke, kwindlela esekelwe kwisicatshulwa, ulwimi lusoloko luchazwa kwizicatshulwa, yaye nezicatshulwa ziyachazwa ngokunxulumene neemeko ezenziwe kuzo. Le ndlela iquka ukuthathelwa ingqalelo kweempawu ezimiselekileyo zolwimi (imigaqo yolwimi nesigama) kodwa ngokwezinto ezikhethwayo kwizicatshulwa nangokuphathelele kwiimpembelelo zazo, ingekuko ngendlela ebekwe bucala. Ukuze sibe nakho ukuthetha ngezicatshulwa, kuyimfuneko ukuba abafundi babe' nolwimi olukwekwayo' – kuyimfuneko ukuba bawazi amagama achaza izinto ezohlukeneyo kwimigaqo yolwimi, kwisigama nakwisimbo sokubhala, yaye kuyimfuneko ukuba bathethe ngeendlela ezohlukeneyo eziqhelekileyo.

Izicatshulwa zinokubekdwa ngokweendidi ezizezi: **izicatshulwa ezisetyenziswayo nezicatshulwa ezivelisiweyo**. Ezi zichazwe kwizintlu ezilandelayo. Ezi zintlu ziquka zonke iintlobo ezikhoyo zezicatshulwa – umfundisi-ntsapho wamkelekile ukuba ongeze izicatshulwa ezinokusetyenziswa kumsebenzi ohlanganisiweyo wokufundisa ulwimi. Injongo yezi zintlu kukunika umfundisi-ntsapho ithuba elaneleyo lokuzikhethela kwizinto ezinokusetyenziswa nezinokuveliswa. Iinkcukacha zezinto eziyimfuneko ngokubhekiselele ekuntsonkotheni kwezicatshulwa nokumiseleka kwentetho esetyensisiweyo zichazwe kwiZikhokelo zesiFundo.

**<u>IZICATSHULWA EZISETYENZISIWEYO:</u>**

| Izicatshulwa ezisebenzayo | Izicatshulwa ezizizalathisi | Izicatshulwa eziBonwayo, eziViwayo, eziViwa-zibonwa nezeNtlobo eziNinzi | Izicatshulwa zobuGcisa | Izicatshulwa zoNcwadi |
|---|---|---|---|---|
| Izibhengezo-ntengiso<br>Iincwadana<br>Iingxoxo (ezibhaliweyo)<br>Iincwadi zezihlo<br>Amanqaku omhleli<br>Imiyalezo ye-imeyile<br>Iifeksi<br>Amaphetshane anikezelwayo<br>Izimemo<br>Iileta<br>Amanqaku emagazini<br>Ingxelo yexesha elizayo<br>Imizuzu nee-ajenda<br>Amanqaku ephepha-ndaba<br>Amanqaku olwazi<br>Izaziso<br>Iiphowusta<br>Iingxelo<br>Izigxeko-ncomo | Isichazi-magama<br>Intyila-lwazi<br>Iishedyuli<br>Umnxeba<br>Uluhlu lwabantu/lwamashishini<br>Iincwadi zokubhala<br>Incwadi eyingqokelela yamagama/izivakalisi<br>izintlu<br>Izalathisi ze-TV | Imifanekiso ehlekisayo<br>Iitshati<br>Iziqwenga zamabali ahlekisayo<br>Imifanekiso ekroliweyo<br>Imikrwelo eyenziwe eludongeni<br>Iigrafu, imizobo, izintlu<br>Imifanekiso<br>Iziqhulo (imifanekiso ehlekisayo)<br>Imifanekiso yomculo<br>Iifoto<br>Iinkqubo zerediyo<br>Izifundo zamabali<br>Izifundo zenoveli okanye amabali amafutshane<br>Iintetho ezishicilelweyo<br>Imiqondiso<br>Imiboniso yezilayidi<br>Izilayidi<br>Imiqondiso<br>Izilayidi<br>Iinkqubo nemiboniso- | Izicatshulwa zobugcisa ezenziwe ngabafundi<br>Iingxoxo<br>Incwadi yezihlo<br>Ukuguqulwa kwenoveli ibe ngumdlalo<br>Iingoma zeentsomi<br>Iintsomi<br>Iziqhulo<br>Izicatshulwa zoncwadi<br>Umculo<br>Iintsomi namavo<br>Iintsonkotha<br>Iingoma<br>Iintetho<br>Ukubalisa iintsomi | Umdlalo<br>Inoveli<br>Imibongo<br>Iintsomi<br>Amabali amafutshane<br>Ufundo lwemiboniso<br>Izincoko<br>Amabali ngobomi babantu<br>Ubhalo lwabantu ngokwabo<br>Kuyimfuneko ukuba kusetyenziswe iindidi ezohlukeneyo zezicatshulwa kumsebenzi ohlanganisiweyo wokufundisa kwisithuba seminyaka emithathu. |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| | | bhanyabhanya ye-TV | | |

**IZICATSHULWA EZIVELISIWEYO**

| Ubhalo oluSebenzayo | Iimpendulo zobuGcisa | Izicatshulwa eziziZalathisi nezoLwazi | Izicatshulwa zoMlomo, eziBonwayo nezeeNtlobo ezininzi | Izicatshulwa ezinganyanzelekanga zokuziphucula |
|---|---|---|---|---|
| Izibhengezo-ntengiso<br>Iincwadana<br>Inkcaza ngobomi bomntu<br>Iingxoxo<br>Amanqaku omhleli<br>Imiyalezo ye-imeyile<br>Iifeksi<br><br>Iileta zaseburhulumenteni nezingamiselekanga eziya kumajelo eendaba<br>Iileta zaseburhulumenteni zezicelo zengqesho, zezicelo, zezikhalazo, zovelwano, zezimemo<br>Iileta zobuhlobo neeleta zokwakha ubudlelwane<br>Amakhadi ezimemo<br>Amanqaku emagazini<br>Ingxelo yexesha elizayo<br>Imizuzu nee-ajenda<br>Amanqaku ephepha-ndaba<br>Icwecwe lomnqweno<br>Iingxelo (ezisemthethweni nezingamiselekanga)<br>Izigxeko-ncomo<br>I-SMS | Izicatshulwa ezibalisayo, ezichazayo, ezalathayo, ezigwegwelezayo, ezityhila ulwazi neziphikisayo eziqulunqwe ngendlela efunwayo<br>Iimpendulo zemibuzo yoncwadi neyezicatshulwa | Imiqondiso<br>Imiyalelo<br>Iimephu zengqondo<br>Amanqaku abhaliweyo<br>Iinkcazelo-ntetho<br>Iiprojekthi zophando<br>Izishwankathelo | Izibhengezo-ntengiso<br>Iingxoxo<br>Amaphetshana<br>Iintetho ezimiselekileyo nezingamiselekanga<br>Udliwano-ndlebe<br>Iiphowusta<br>Inkcaza ezinemifanekiso/izandi ezisetyenziswa kwirediyo okanye kwibhanyabhanya<br>Iiprojekthi zophando | Ukuguqulwa kwenoveli ibe ngumdlalo<br>Ukubaliswa kweentsomi<br>Iindaba zerediyo nezikamabonakude<br>Imidlalo yerediyo nekamabonakude<br>Iingxoxo zamaqela<br><br>Amabali amafutshane/imibongo/imidlalo, imifanekiso ehlekisayo, iziqwenga zokonwabisa, iziqhulo, imiqondiso, njalo, njalo zakho. |

# ULUHLU LWENKCAZELO

**igama elakhiwe ngoonobumba bokuqala bamanye amagama –** igama elibizekayo elakhiwe ngoonobumba bokuqala okanye onobumba abakwibinzana okanye begama (umz: FET = Imfundo noQeqesho oluQhubekayo)

**ulwimi olongezelelweyo (ungajonga ulwimi lwenkobe) –** ulwimi olufundwa ngaphezu kolwimi lwenkobe lalo mfundi

**iilwimi ezininzi ezongeziweyo –** xa umntu efunda ulwimi (okanye iilwimi) ngaphezu kolwimi lwakhe lwenkobe. Olu lwimi alusetyenziswa endaweni yolwimi lwenkobe kodwa lufundwa ngaxeshanye nalo. Kwinkqubo yeelwimi ezininzi ezongeziweyo, ulwimi lwenkobe luyaxhaswa yaye luyomelezwa ngeli xesha naluphi na olunye ulwimi luthatyathwa njengokuzongezela inqaku (umz: zonke iilwimi ezoNgezelelweyo, kuqukwa nokuba uLwimi lokuFunda nokuFundisa lufundiswa ngaxeshanye nolwimi lwenkobe kodwa azisetyenziswa endaweni yalo).

**ukholo lobuhle –** uvakalelo kubuhle nokubukeka kolwimi ngalo ndlela kuvakalelo nokuthakazelelwa kweenqobo zexesha elide zezicatshulwa

**uphinda-phindo –** ukuphinda-phinda izandi zamaqabane ezifanayo, ixesha elininzi iba zizandi zamaqabane okuqala

**ukuntsonkotha –** iintsingiselo ezimbini ezibangelwa yindlela ekusetyenziswa ngayo amagama. Xa la magama esetyenziswa ngaphandle kweenjongo, ukuntsonkotha kwawo kogquma intsingiselo (umz: ‘Ibala lakhe likhulu’ okanye ‘Lo tatomkhulu uyahleka’).

**imfaniso –** ukufumana iimfano kwizinto ezidla ngokubonwa zohlukile

**amabali amafutshane anoburharha –** amabali eziganeko ezincinane abaliswa ngenjongo yolwazi, ukonwabisa, ukuhlekisa, ulunya, okanye ukuveza isimo somlinganiswa

**ukudlamkisa –** ubuchule bokusebenzisa uluhlu lwemifanekiso engashukumiyo ukwenza imbonakalo yentshukumo okanye yokuphila

**ukungafikeleli kuvutho-ndaba –** xa kulindelwe iqondo lovutho-ndaba elibalulekileyo okanye udlamko oluthile lungafezekiswa okanye ukuxhalabiseka kwesakheko soncwadi bulahleka ngenxa yeziganeko zohlekiso, ukuphambuka okanye ukungabi nantsingiselo ilindelweyo

**ukungabi nacala –** ukuvakaliswa kwezimvo ezimbini ezohlukeneyo okanye ezichasanayo kwimeko yeyantlukwano (umz: ‘ukungxama kakhulu, isantya esiphantsi’)

**isichasi –** igama elichasa intsingiselo yelinye kulwimi olufanayo (umz: ‘ukonwaba’ ‘ukuba lusizi’)

**ukufaneleka –** ukuba ulwimi lufanelekile lulungele imeko leyo olusetyenziswa kuyo (umz: isibuliso esithi ‘Molo, Mnu. Jones’ sifanelekile kwimeko yasemsebenzini ngeli xesha isibuliso esithi ‘Hi, Jo’ sinokufaneleka xa kubulisana abahlobo)

**uhlolo –** inkqubo ecwangcisiweyo eqhubekayo yokuqokelelwa kolwazi ngobuchule baBafundi ngeendlela ezininzi ezohlukeneyo

**imigangatho yokuhlola –** inkqubo esetyenziswa ukuhlola isiphumo

**ukufana kwezikhamiso ezicinezelweyo kumagama amabini –** ukuphinda-phindwa (ubukhulu bexesha) bezandi zezikhamiso kumagama amabini okanye ngaphezulu (umz: ‘ITshawe liyatshawuza’.)

**abaphula-phuli –** abafundi ekujoliswe kubo, abamameli okanye ababukeli besicatshulwa esithile. Xa kucwangciswa isijungqe esibhaliweyo, izithethi/ababhali kuyimfuneko ukuba bathathele ingqalelo injongo nabaphula-phuli xa bekhetha indlela efanelekileyo yokubhala.

**Izicatshulwa ezinobunyaniso –** izicatshulwa ezinomsebenzi obonakalayo ezingeloncwadi (umz: amanqaku emagazini nawamaphepha-ndaba, ushicilelo oluthathwe kwirediyo nakumabonakude, izibhengezo-ntengiso, iimpawu zemveliso, iincwadana zokundwendwela, amaxwebhu aseburhulumenteni, imizekelo yeeleta zenyani)

**Ukuqal'ugwebe –** isiqhelo sokuthanda into ethile, uluvo oluthile, isimo okanye umntu othile kunabanye nto leyo eyenza kube nzima ukwenza uhlolo olunobulungisa

**intloko –** isihloko okanye uluvo oluqhotyoshelwe ngasentla okanye ngasezantsi kwenqaku, komfanekiso, kwefoto njalo, njalo

**umfanekiso wokuhlekisa –** umfanekiso obaxiweyo (obhaliweyo okanye obonwayo) womlinganiswa nowenziwa ngokuphoxa iimpawu zobuqu okanye imbonakalo

**isizathu (khangela nempembelelo) –** isenzo esikhokelela kwintshukumo okanye kwimeko ethile

**ubuchule bemifanekiso yebhanyabhanya –** izixhobo ezisetyenziswa ekuqulunqeni umboniso (umz: ukuqamba, ukukhanyisa, uhlobo lomfanekiso)

**intetho esebenzisa amagama angenasongo –** intetho okanye uluvo olusoloko lusetyenziswa nesele iphulukene nesongo

**uvutho-ndaba –** eyona ndawo ivuselelayo, inodlamko okanye ibalulekileyo kwibali. Le ndawo ibalulekileyo akunyanzelekanga ukuba ibe sekugqibeleni.

**unamathelwano –** unxulumano olufihlakeleyo oludibanisa izimvo kumhlathi okanye kwisicatshulwa

**ukudibana –** ukudityaniswa kwezivakalisi okanye kwemihlathi kusetyenziswa izihlanganisi zengqiqo ezifana nezihlanganisi, izimelabizo okanye uphinda-phindo

**igama okanye intetho eqhelekileyo (khangela nolwimi olungaphucukanga) –** ulwimi olusetyenziswa kwiintetho eziqhelekileyo kodwa olungasetyenziswayo kulwimi olusemthethweni

**uthelekiso (khangela ubaxo) –** amaqondo othelekiso afumaneka kwizichazi nakwizihlomelo zezi: avumayo, athelekisayo okanye abaxayo (umz: 'inde' [luyavuma], 'indana' [luyathelekisa], 'inde kakhulu' [iyabaxa])

**uthelekiso (khangela nochaso) –** ukuhlola indlela ezifana ngayo izinto

**impixano –** imbambano edaleka phakathi kwabalinganiswa okanye phakathi kwabantu nolwazelelo neemeko ezikhoyo. Impixano kuluncwadi isenobangelwa yiminqweno okanye iinqobo ezichasanayo kwiingqondo zabalinganiswa.

**isihlanganisi –** igama elisetyenziselwa ukudibanisa amagatya, amagama, amabinzana amabini okanye izivakalisi

**intsingiselo equkayo (khangela nentsingiselo elathayo) –** zombini iintsingiselo ezivumayo nechasayo eziqokelelwa ligama ngokusetyenziswa kwalo ezingaphaya kwentsingiselo ecacileyo (yokuqala)

**umxholo –** isicatshulwa esisoloko sisetyenziswa yaye siveliswa emxholweni. Umxholo uquka imeko embaxa nekufuphi kuqukwa neempawu ezifana nemvelaphi yentlalo, yenkcubeko neyezopolitiko; eli gama lisenokuthetha lo nto ingaphambili okanye ilandela igama okanye isicatshulwa yaye ibalulekile kwintsingiselo yalo.

**inkcaso (khangela uthelekiso) –** ukuqwalasela indlela ezohluke ngayo izinto

**iingxoxo –** izenzo okanye imigaqo eyamkelekileyo kwindlela yokusetyenziswa kolwimi. Ezinye iingxoxo ziyanceda ekuvelisweni kwentsingiselo (umz: imigaqo yokusetyenziswa kolwimi, iziphumlisi, iintlobo zezihloko, oonobumba abakhulu); ezinye ziluncedo ekuchazweni kolwazi oluqulethweyo (umz: uluhlu lweziqulatho, isicwangciso, izihloko, iinkcukacha ezibhalwe emazantsi ephepha, iitshathi, iintloko, izintlu, imifanekiso, izalathisi); nolunye ulwazi olubonakalisa ipateni yolwimi nolusele lusetyenziswa rhoqo (umz: imibuliso, intetho emfutshane).

**ukucinga ngobuchule –** inkqubo yokucinga ngezimvo okanye ngeemeko ngeendlela zakutsha nje okanye ngeendlela ezingaqhelekanga ukuze ziqondwe nokuze ziphendulwe ngendlela entsha nangeyakhayo. Abafundi bacinga ngobuchule kuzo zonke iinkalo zezifundo xa beqiqa, beyila, okanye belungisa okanye bephucula amagama okanye imveliso ezintsha.

**ulwazi olugwebayo –** ukuphicotha indlela intsingiselo eyakhiwe ngayo ngolwazi lonxulumano lwamandla phakathi kweelwimi. Luxhobisa uMfundi ukuba axhathise kwiinzame zokucengwa nokusebenzisa ulwimi ngamava.

**intsingiselo echazayo (khangela nentsingiselo embaxa) –** intsingiselo ecacileyo okanye yokuqala yegama

**ukuvela kwelinye igama –** igama elivela kwelinye okanye kwingcambu yelinye; elidla ngokwakhiwa ngokongeza isimaphambili okanye isimamva (umz: 'ngokukhawuleza' elithathwe kwigama 'ukukhawulezisa')

**ilwimi lwesizwana –** ulwimi olwamkelwa loLuntu oluthile. Lwahlukile ngokubonakalayo kwezinye iindlela zokuthetha zolwimi olufanayo ngokuphathelele kumagama, kwisakheko kunye/okanye kwindlela yokubizwa kwamagama.

**impoxo emdlalweni –** yenzeka xa abaphula-phuli/umfundi/umbukeli esazi banzi ngemeko nangeempembelelo zayo kunabalinganiswa ababandakanyeka kulo mdlalo. Yonyusa .amaxhala, ukonwaba nokuthatha inxaxheba kwabaphula-phuli.

**ukuhlela –** inkqubo yokuyilwa nokuyilwa ngokutsha kwesiqendwana, kuqukwa nokulungiswa kwendlela ekusetyenziswa ngayo imigaqo yolwimi, ukusetyenziswa kweziphumlisi neempazamo zopelo nokukhangela ukuba ubhale ngokunamathelanisa izimvo nangokungqinelana kwesakheko. Kupapasho, ukuhlela kuquka ukwakhiwa, ukukhethwa nendlela yokubekwa kweziqendwana ezo.

**impembelelo (khangela nonobangela) –** isiphumo sesenzo okanye semeko ethile

**ulwimi oluchukumisayo –** ulwimi oluvuselela iimvakalelo ezibukhali

**isihlonipho –** intetho enobulali okanye engacacanga efakwa endaweni yengcingane ethatyathwa njengebukhali okanye ekrwada

**ecacileyo (ngokuchasene nengacacanga) –** intsingiselo echazwa ngokucacileyo okanye etsolileyo

**isikweko (ngokuchasene negwegwelezayo) –** amagama okanye amabinzana asetyenziswa ngendlela engacacanga ukwenza impembelelo enqwenelwayo. Izicatshulwa ezigwegwelezayo zisebenzisa intlaninge yolwimi olukwekwayo (umz: isifaniso, isimntwiso, isikweko).

**ubuciko –** eli gama livela kwindlela ampompoza ngayo amanzi emlanjeni yaye lithetha ukunamathelana nokungqinelana okuveliswa kukusetyenziswa kolwimi ngokomgangatho wendalo, wokuba lula nokuba lula ukuluguqula olo lwimi

**uluhlu nobungakanani bamagama –** uluhlu nobungakanani boonobumba abasetyenziswayo xa kubhalwa, kuchwethezwa okanye kushicilelwa umsebenzi obhalwayo (umz:. 12pt [ubungakanani] Times New Roman [uluhlu loonobumba])

**ukubekwa ngaphambili (ngokuchasene kukubekwa ngasemva) –** xa lisetyenziswa ngokucacileyo, lithetha ukubekwa kwesihloko kufutshane okanye ngaphambi kwesakheko; xa lisetyenziswa kwisaci, lithetha ekugxininisweni okanye ekugxileni kakhulu kwinqaku elinye kunelinye

**uluhlu –** iintlobo okanye iindidi ezohlulwa ngazo izicatshulwa

**isijekulo –** intshukumo yobuso okanye yomzimba ebonisa unxibelelwano lwentsingiselo (umz: ukunqwala intloko ukubonakalisa ukuvuma)

**imizobo –** iimveliso zobugcisa obubonwayo nobobuchwepheshes (umz: imizobo, ukuyila)

**ulwimi lwenkobe (khangela nolwimi olongezelelweyo) –** ulwimi lokuqala olufunyanwa ngabantwana ngenxa yokuba behlala ekhaya; ulwimi abafunda ukucinga ngalo

**umabizwafane –** igama elinesandi nelipelwa ngendlela efanayo nelinye kodwa elinentsingiselo eyohlukileyo (umz: izibizo ‘ibala’ ‘ibala’)

**umabizwafane –** igama elibizwa ngendlela efanayo nelinye elinentsingiselo eyahlukileyo kwelo (umz: ‘ithanga – ilungu lomzimba’ kunye ne ‘ithanga - umfuno’)

**ubabazo –** ubaxo olwenziwa ngabom (umz: ukuchaza into ngendlela eyenza ibe ngathi inkulu kakhulu kunokuba injalo: ‘Wandinika intaba yokutya.’)

**umfanekiso –** umfanekiso okanye inkcaza ebonakalayo yento ethile

**ukuzekelisa –** amagama, amabinzana nezivakalisi ezenza imifanekiso ezingqondweni zethu ezifana nezifaniso, izikweko, nezimntwiso

**engacacanga (ngokuchasene necacileyo) –** into echazwa kwisicatshulwa kodwa engachazwa ngokucacileyo

**ukurhesha/ukuthetha (ngokuchasene nentsingiselo ecacileyo) –** intsingiselo echazwa kwisicatshulwa kodwa engachazwa ngokutsolileyo

**ukuquka –** ulwazi lokuba imfundo kuyimfuneko ukuba ifumaneke kuBafundi nokuba zinjani iindlela zabo zokufunda, imvelaphi okanye ubuchule babo

**ukuthekelela –** ukubona intsingiselo engasemva kwale ichazwayo nokuqonda zonke iimpembelelo zentetho

**ukuqala –** ukuqala (umz: ukuqala intetha)

**isikweko –** nantoni engathandekiyo echatshazelwayo kunokuba ithethwe ngokucacileyo

**ucinezelo –** indlela yokuphakama kwelizwi okanye kwesandi samagama athethwayo nokuphawula izakhi zolwimi ezifana nezivakalisi namagatya

**isigqebelo –** intetho okanye imeko enentsingiselo efihlakeleyo eyohlukileyo kule icacileyo okanye intsingiselo ethethwayo

**intetho exutywe namagama antsonkothileyo –** amagama awodwa asetyenziswa kurhwebo okanye kwiinkalo ezithile zemisebenzi okanye liqela elithile (umz: abasebenzisi beekhompyutha banokukhetha ukusebenzisa igama elithi ‘CPU’, ‘RAM’ namanye). Xa kusetyenziswa intetho enamagama antsonkothileyo ngenjongo yokubeka ecaleni abamameli/abafundi kunxibelelwano oluthile, oku kudla ngokuba buhlungu okanye kuyakhathaza.

**iintlobo-ntlobo zolwimi –** iintlobo-ntlobo zolwimi ezifunyanwa ngenxa yokusebenzisana nezinye iilwimi ngokuphathelele kwisigama, kwizakhi zolwimi kunye/okanye kwindlela yokubizwa kwamagama okwenziwa ngayo; kunokutshintsha ngokwemimandla okanye ngokwamazwe

**Iindlela zokuthetha –** iintetho ezohlukileyo (umz: egwebayo, ebonakalayo, ezotyiweyo, eyobuchule bekhompyutha, zopapasho, zentlalo nezenkcubeko)

**ubuchule bokufunda nokubhala (khangela iindlela zokuthetha) –** ubuchule bokujonga nokusebenzisa ulwazi kwiinjongo ezohlukeneyo nakwiimeko ezohlukeneyo nokubhalela iinjongo ezohlukeneyo; ubuchule bokuguqula izicatshulwa, uvumela ukuba esinye sibe nentsingiselo evakalayo emntwini

**ecacileyo (ngokuchasene nekwekwayo) –** intsingiselo ecacileyo, eyona itsolileyo enokuchazwa ngamagama

**ukuchaza ngolunye uhlobo –** intetho echazwa ngolunye uhlobo, isigaba sentetho apho ukugxininisa kulwazi oluchasayo kubonakaliswa ngokuvuma kulandelwa sisilanduli (umz: ukusetyenziswa kwegama elithi ‘ayimbi’ ukuchaza ukuba lo nto ‘intle’)

**impazamo yokubetha kolwimi –** ukusetyenziswa ngempazamo nangokudideka kwamagama amade ngenjongo yokuthabathekisa. Nangona la magama evakala ngathi achanekile, akachanekanga kwaphela ukuba ade ahlekise.

**ulwimi olucengayo –** ulwimi olujoliswe ekufumaneni uncedo olungenabulungisa okanye ukufumana impembelelo kunezinye

**ulwimi olukwekwayo –** ulwimi olusetyenziselwa ukuthetha ngolunye ulwimi. Lubandakanya amagama afana nala ‘umxholo’, ‘isimbo sokubhala’, ‘isakhiwo sebali’ ‘nengxoxo’.

**isikweko –** ukusebenzisa enye into ukuchaza enye eneempawu ezifanayo (umz: ‘Imfundo sisitshixo sempumelelo.’)

**imephu yengqondo –** inkcazelo yomxholo okanye yesihloko nalapho amagama equlunqwa ngokwemifanekiso

**uluhlu –** indlela, okanye uhlobo okuchazwa ngalo into; indlela yokunxibelelana (umz: uhlobo olubhaliweyo, uhlobo oluthethwayo okanye lomlomo,uhlobo olubonwayo [oluquka iintlobo ezizotyiweyo ezifana neetshati]). Ulwazi lunokutshintshwa ukusuka kolunye uluhlu ukuya kolunye (umz: ukuguqula umzobo ube sisicatshulwa).

**imo –** imo okanye uvakalelo kwizicatshulwa ezibhaliweyo; ibonakalisa uvakalelo okanye isimo sengqondo sabalinganiswa; ikwabhekiselele kwisimo esiveliswa zizicatshulwa ezibonwayo, eziviwayo okanye eziziintlobo ngeentlobo

**iintetho eziziintlobo ngeentlobo –** iintlobo ezidityanisiweyo ezinokubandakanya izicatshulwa ezibhaliweyo, ezibonwayo, eziviwayo, iividiyo, njalo, njalo

**ibali –** ibali elithethwayo leziganeko ezinxulumanayo ngokulandelelana kwazo

**ilizwi likanobalisa –** ilizwi lomntu obalisa ibali (umz: umahluko unokubonakala phakathi kwelizwi likanobalisa wokuqala – ‘Ndi’ – nodla ngokuba ngumlinganiswa webali, okanye unobalisa wesithathu odala ngokuba ngunobalisa obiza abalinganiswa ngokuthi ‘uthe’, ‘bathe’)

**ukudidekisa –** ukusetyenziswa kolwimi ngenjongo yokufihla inyaniso kumfundi okanye kummameli

**isifanodumo –** ukusetyenziswa kwamagama ukwenza ngokutsha izandi eziwachazayo

**ukudityaniswa kwamagama achasanayo –** ukudityaniswa kwamagama anentsingiselo ezichasanayo, esetyensiswa ngenjongo yokuphembelela; adla ngokwenziwa kusetyenziswa isiphawuli endaweni yesibizo sinentsingiselo echasayo (umz: ihlebo elicacileyo)

**intetho engathi ichasene nengqondo kanti iyinyaniso –** intetho eyenziwe yachasa ngenjongo okanye ebonakala ingangqinelani nengqiqo. Ngaphaya kwempikiswano engenabunzulu, kukho ingqiqo, isizathu.

**inkcazelo-ntetho –** ukuchaza intetho ngamanye amazwi okanye isicatshulwa ngawakho amazwi

**igama elithatyathwe kwelinye –** igama elakhiwe ngegama lemboleko.

**isimntwiso –** ukuthatha iimpawu zomntu zisetyenziswe kwizinto ezingengobantu

**izandi –** izandi ezohlukileyo zolwimi

**uyilo –** ukunxulumana kweziganeko eziphambili kwisicatshulwa. Uyilo lubandakanya ngaphazu kokulandelelaniswa kweziganeko njengoko oku kuchaza iphatheni yonxulumano phakathi kweziganeko nonxulumano lwezizathu ezikhokelelwa kwezo ziganeko.

**imbono –** uluvo lomlinganiswa ngokuphathelele kwimibandela ethile

**amagama aneentsingiselo ezininzi –** ubuchule bokuba amagama abe neentsingiselo ezininzi (umz: ‘intloko’ ineentsingiselo ezininzi ezohlukeneyo – intloko (head), indoda yekhaya, ingxam yentetha)

**ucalucalulo –** ukunganyamezelani okanye ukuqal’ugwebe ngokuchasene nomntu, iqela, uluvo okanye isizathu esithile

**ukudlala ngamagama –** ukudlala ngamagama afanayo okanye avakala ngendlela enye ngenjongo yokuhlekisa (umz: ‘Ithanga lakho likhulu’)

**ubuninzi –** ukusetyenziswa kwamagama, amabinzana nezivakalisi ebezinokushiywa ngaphandle kokuphulukana nentsingiselo

**uhlobo lwentetho –** ukusetyenziswa kwamagama ohlukeneyo, isimbo sokubhala, imigaqo yolwimi, ucinezelo lwelizwi kwiimeko ezohlukeneyo (umz: amaxwebhu aseburhulumenteni abhalwa ngentetho emiselekileyo ngeli xesha iileta zobuhlobo zidla ngokubhalwa ngohlobo lwentetho olungamiselekanga)

**ubuchule bentetho engafuni mpendulo –** ubuchule obufana nokunqumama nokuphinda-phinda, obusetyenziswa sisithethi okanye ngumbhali ukucenga okanye ukuguqula imbono zalowo umameleyo

**umbuzo-buciko –** umbuzo obuzwayo kodwa ongafuni mpendulo kodwa ubuzelwa ukugxininisa okanye impembelelo yokudlala (umz: ‘Uyazi ukuba unethamsanqa kanjani?’)

**imvano-siphelo –** amagama okanye imiqolo yombongo ephela ngezandi ezifanayo kuqukwa nezikhamiso

**isingqisho –** ipatheni eqhelekileyo nephinda-phindwayo yezandi

**impoxo –** intetho ekwekwayo nesetyenziselwa ukuphoxa okanye ukukhathaza okanye ukuhlekisa ngomnye umntu

**ukubhala ngokukhwencayo –** ukusetyenziswa kwentetho egculelayo, enempoxo okanye ekwekwayo ngenjongo yokuhlaba amadlala uluntu

**ukusinga-singa –** ukukrwaqula nje isicatshulwa ngenjongo yokufumana ulwazi oluthile (umz: ukusinga-singa isalathisi seenombolo zeminxeba ukhangela igama nenombolo)

**isifaniso –** ukuthelekisa enye into nenye. Igama elifana neli ‘ifana’ okanye ‘njenge’ asetyenziselwa ukutsalela umdla kule nto ithelekiswayo.

**ukufunda ngokukhawuleza –** ukufunda isicatshulwa ngokukhawuleza ukufumana amagqabantshintshi (umz: ukufunda ngokukhawuleza iingongoma zephepha-ndaba zeendaba eziphambili)

**ulwimi olungaphucukanga –** ulwimi olungamiselekanga oludla ngokusetyenziswa liqela labantu, elifana nabantu abatsha, abasebenzisa amagama afana nala 'kumoja' 'uyatshisa'. Umahluko phakathi kolwimi oluqhelekileyo nolungaphucukanga kukuba ulwimi olungaphucukanga alukamkelwa kwiingxoxo ezimiselekileyo nezindilisekileyo, ngeli xesha ukusetyenziswa kolwimi oluqhelekileyo kwamkelwe (umz: 'Ngumsebenzi omhle!').

**ingcinga esoloko isetyenziswa njalo –** ingcinga (edla ngokuqal'igwebe) ngendima yomntu othile ekulindeleke ukuba ayidlale

**isicwangciso –** inkqubo ethile esetyenzislwa ukulungisa ingxaki

**ucinezelo (kwigama okanye kwisivakalisi) –** ukuthetha ngokugxininisa okanye ngokucinezela ilungu elithile legama okanye igama elithile kwisivakalisi

**isakhiwo esingabalulekanga –** intshukumo encedisayo nehamba ngaxeshanye nesakhiwo esiphambili sebali okanye senoveli

**umqondiso –** into ema endaweni okanye emela enye into

**isithethantonye (ngokuchasene nesichasi) –** igama elinentsingiselo efanayo okanye ephantse ifane nelinye kulwimi olunye

**ubumbo-zivakalisi –** indlela amagama alungelelaniswe ngayo ukwenza izakhi ezingqinelanayo zolwimi

**udibaniso –** ukudityaniswa kwezimvo ezithathwe kwimithombo eyohlukileyo; isishwankathelo esicacileyo sezimvo ezidityanisiweyo

**isicatshulwa –** kubhekiselelwe kuyo nayiphi na indlela yonxibelelwano ebhaliweyo, ethethwayo okanye ebonwayo

**umthamo –** olona luvo okanye izimvo eziphambili kwizicatshulwa; isicatshulwa sinokuba nemithamo eliqela yaye ezi zisenokungacaci

**ucinezelo –** iqondo nobume besandi obubonisa umyalezo onemvakalelo wesicatshulwa. Kwisicatshulwa esibhaliweyo, oku kwenziwa ngamagama. Kwimiboniso, ucinezelo lwenziwa ngokusebenzisa umculo okanye indawo yebali.

**ubhalo lwenjongo –** ubhalo olunomsebenzi (umz: iileta, imizuzu yentlanganiso, iingxelo, iifeksi)

**ukubolekisana kwintetho –** iinqobo ezilawula ukuhamba kwentetho phakathi kwabantu ezifana nokunikana amathuba okuthetha, okuvakalisa izimvo, ukucacisa intsingiselo, ukungenelela ngenjongo yokukhokelela kwelinye icala intetho, ukucela ingcaciso

**ingxelo efihlakeleyo –** ukucacisa into ngamagama agwegwelezayo kunokunika ingcaciso eyinyaniso, ngenjongo zokugxininisa

**ukwenza umlembelele –** ulwimi olusebenzisa amagama amaninzi kunalawo ayimfuneko

**izicatshulwa ezibonwayo –** iinkcazelo ezibonwayo nezinokuvelisa imiyalezo (umz: imifanekiso yemiboniso, ifoto, imizobo yekhompyutha, imifanekiso ehlekisayo, iimodeli, imizobo)

**ilizwi –** ukwamkeleka kombhali: ngubani umbhali. Xa ufunda okanye uphonononga ufumana impembelelo yombhali neenjongo zakhe.

**ubukrelekrele –** ukudityaniswa ngokungalindelekanga, ngokukhawuleza nangoburharha kwezimvo ezichasanayo

**izakhono zokuhlasela amagama –** izakhono ezisetyenziswayo xa ufunda igama ongalaziyo (umz: ukulohlula-hlula libe ngamalungu egama okanye ngokujonga intsingiselo yezimaphambili okanye yezimamva)